

INgqokelela yamaBali

ISIXHOSA

ULWIMI LWASEKHAYA

IKOTA 1 & 2

IBANGA

3





INgqokelela yamaBali

IBANGA 3 | IKOTA 1 & 2

ISIXHOSA

**Copyright © 2026 National Educational
Collaboration Trust (NECT)**

This work is licensed under a **Creative Commons
Attribution–NonCommercial–NoDerivatives 4.0
International License (CC BY-NC-ND 4.0)**.

Additional permissions beyond the scope of this license
may be available. For further information, please
contact the publisher at **materials@nect.org.za**.


First edition, 2026




IKOTA 1



IMEPHU YEAFRIKA





INigeria

ITogo

I-Ivory Coast

ILiberia

ISierra Leone

IEquatorial Guinea

ICameroon

ICentral African Republic

UMzantsi Sudan

ITopiya

ISomalia

IGabon

ICongo

IDemocratic Republic of Congo

IRwanda

IBurundi

ITanzania

IAngola

IZambia

IMalawi

INamibia

IZimbabwe

IBotswana

IMozambique

UMzantsi Afrika

Ilesotho

Igumbi lokufundela elonakalisiweyo

Isacholo esiluhlaza

Umalusi owakhwaza wathi 'ingonyama'

Uhambo olukhulu lukaShamiso

Ubomi obungenamida

IMEPHU YEHLABATHI





UMashudu
uyatyelela



IASia



UMalala
ulwela imfundo



ULwandlekazi
lwePasifiki

IYurophu



IAfrika



ULwandlekazi
lweIndiya



IAustralia



IAntarctica

IKOTA I AMABALI



1. Uhambo olukhulu lukaShamiso

1



2. UMashudu uyatyelela

15



3. Igumbi lokufundela elonakalisiweyo

29



4. UMari Copeny: Iqhawekazi lamanzi

43



5. Isacholo esiluhlaza

57



6. Umalusi owakhwaza wathi 'ingonyama'

71



7. Ubomi obungenamida

85



8. UMalala ulwela imfundo

99

IBALI 1

UHAMBO OLUKHULU LUKASHAMISO

Umxholo: Siyatyelela



Iinkcukacha ngemvelaphi

- Le tekisi libali elingumxube wenyani nokungeyonyani.
- Lisekelwe eZimbabwe.
- Lenzeka kule mihla. Umlinganiswa oyintloko ufunda aze acinge ngexesha elidlulileyo kulo lonke ibali.
- Eli bali liya kunceda abafundi bakho ukuba bafunde ngakumbi malunga nendawo ebizwa ngokuba yiGreat Zimbabwe kwilizwe laseZimbabwe. Le yindawo yokwenyani!



Eminye imiba yokwabelana nabafundi bakho

- Kweli bali, uShamiso utyelela amabhodlo endawo yokwenyani ebizwa ngokuba yiGreat Zimbabwe.
- Amabhodlo ziintsalela ezindala zezakhiwo okanye iindawo ezazisetyenziswa ngabantu kudala.
- Amabhodlo ziindawo ezikhethekileyo zokutyelelwa kuba afana nomnqa wembali: asinceda sifunde ngendlela abantu ababephila ngayo, izinto ababesakha, kunye nezinto ezazibalulekile kubo.



Indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda: Thatha izigqibo ezisekelwe kulwazi olunikiweyo

- Yintoni: Ukuqikelela izinto umbhali angazicacisanga ngokuthe ngqo, usebenzisa imikhondo esebalini.
- Kutheni siyisebenzisa: Ukuqonda intsingiselo enzulu nemiyalezo efihliweyo.
- Inceda njani: Ikunceda uthathe izigqibo njengoko ufunda, uze uqonde ngcono ibali nabalinganiswa.



Ukusebenzisa le ndlela yobuchule:

Iphepha nomhlathi	Funda	Yithi
3, 1	Endleleni, babeza kumisa kwindawo eyaziwa ngokuba yiGreat Zimbabwe. UShamiso wakhangela iGreat Zimbabwe kwi-intanethi. Wafunda ukuba sisixeko esikhulu nebhotwe lakudala.	Ndizithathela izigqibo ezisekelwe kulwazi olunikiweyo ukuba uShamiso akazange aye kwiGreat Zimbabwe ngaphambili, kuba uyijonga kwi-intanethi ukukhangela ukuba yintoni na.
7, 1	Umpheleki wabathatha wabasa kwimyuziyam encinane kuqala. “Yonke into ekule myuziyam yaphuma kumabhodlo,” wacacisa umpheleki.	Iimyuziyam ziindawo apho izinto ezinika umdla zigcinwa khona. Ndizithathela izigqibo ezisekelwe kulwazi olunikiweyo ukuba iGreat Zimbabwe yayiyindawo ebalulekileyo kuba izinto ezazingaphakathi kumabhodlo zigcinwe emyuziyam.

UShamiso nosapho lwakhe bakulinda iinyanga ukufika kweholide yesikolo. Babeza kutyelela usapho lwabo eZimbabwe. Endleleni, babeza kumisa kwindawo eyaziwa ngokuba yiGreat Zimbabwe. UShamiso wakhangela iGreat Zimbabwe kwi-intanethi. Wafunda ukuba sisixeko esikhulu nebhoto lakudala.

“Wowu! Kuyabukeka oku!” wacinga njalo. Wayesitsha ziintambo ukubona indawo yookhokho bakhe.





“IGreat Zimbabwe yakhiwa ngookhokho bethu bamaShona!” wamxelela njalo utata wakhe.
“Ngexesha ndandingumntwana, iZimbabwe yayibizwa ngokuba yiRhodesia kwaye yayilawulwa ngamaBritane. Urhulumente wayengafuni abantu bazi ukuba ngama-Afrika awenza indawo ebukeka ngolwa hlobo!” watsho.



Lwathi lwakufika usapho eGreat Zimbabwe, utata kaShamiso wemisa imoto waza wehlika waya kwindawo ethengisa amatikiti. Wabuya namatikiti abo kunye nompheleki kukhenketho.

“Namkelekile eGreat Zimbabwe,” watsho umpheleki.
“Le ndawo yakhiwa kwiminyaka engamakhulukhulu eyadlulayo – ukuqalela kwinkulungwane ye11!”



Umpheleki wabathatha wabasa kwimyuziyam encinane kuqala. “Yonke into ekule myuziyam yaphuma kumabhodlo,” wacacisa umpheleki.

Ekuqaleni, umpheleki wababonisa iintaka ezisibhozo ezixhonxiweyo. “Ezi ntaka zaziluphawu lweekumkani zethu zamandulo ,” watsho.


“Jongani – le yintaka ekwiflegi yethu yaseZimbabwe!” watsho esalatha komnye umfanekiso oxhonkxiweyo.



Njengoko babehamba bedlula kwiityesi, uShamiso wabona amaso abugolide kunye ncingo lwekopolo. “Abantu ababehlala apha babetyebile benegolide,” wacacisa umpheleki.

“Kwaye loo maso ayevela eTshayina!” wongeza watsho umpheleki, ekhomba amaso amahle eglasi phakathi etyesini. “Oku kusixelela ukuba abantu ababehlala apha baberhweba kwihlabathi jikelele!”

“Wowu! Kuyabukeka oko!” wacinga njalo uShamiso, ecinga ngobucwebe bookhokho bakhe.




Emva koko baya kudonga olukhulu olujikelezileyo lwamatye. “Le ibizwa ngokuba yiNdawo eNkulu ebiyelweyo kwaye yayilikhaya leekumkanikazi!” wacacisa njalo umpheleki wabo. Wadlula wenjenje, “IZimbabwe ithiywe ngesi sakhiwo sikhulu. UZimbabwe uthetha indlu enkulu yamatye – kanye njengale!”



Utata kaShamiso wagoba wamsebezela endlebeni,
“Esi sesona sakhiwo selitye sikhulu eAfrika –
ngaphandle kweephiramidi zaseYiputha.”

“Wowu! Kuyabukeka oko!” wacinga njalo uShamiso,
ecinga ngookhokho bakhe besakha iindonga ezinkulu
zamatye.



Okulandelayo, umpheleki wabo wabasa kwilali encinane. “Le lali yakhiwe ngokutsha ukuze nibone indlela ezazikhangeleka ngayo izindlu ngexesha ekwakuhlala ngalo abantu apha eGreat Zimbabwe!” wacacisa.

Babona neqela labadanisi. “Aba badanisi basebenza ukugcina imixhentso yamandulo iphila!” watsho umpheleki.

“Wowu! Kuyabukeka oku!” wacinga njalo uShamiso, ngomculo omhle nomxhentso wookhokho bakhe.




Ekugqibeleni, umpheleki wabo wabasa kuhambo olunyuka umnqantsa benyuka induli enkulu. “Le yayiyindawo yenkolo, apho kwakusenziwa khona imisebenzi ekhethekileyo,” wacacisa. “Apha kulapho iintaka ezenziwe ngomthi ezisemyuziyam zafunyanwa khona! Jonga!” watsho esalatha idwalakazi encotsheni yenduli. “La madwalakazi akhangeleka okwentaka nawo!”

“Wowu! Kuyabukeka oko!” wacinga njalo uShamiso, ecinga ngookhokho bakhe bethandaza kunye.



UShamiso wema ekupheleni kwenduli kunye notata wakhe, bajonga ezantsi ezindulini eziluhlaza kude phaya. Babewabona amabhodlo amatye ethe saa kulo ndawo. “Wowu! Kuyabukeka oku!” watsho. “Ndiyazidla ngawo wonke lo msebenzi wenziwa ngookhokho bam!”

“Nam ngokunjalo!” watsho utata wakhe, encumile.





Ufundo 1

Bayaphi uShamiso nosapho lwakhe?

Baya eGreat Zimbabwe.

Wabona ntoni uShamiso eGreat Zimbabwe?

- Wabona iintaka ezixhonxiweyo.
- Wabona amaso ncingo lwekopolo.
- Wabona imyuziyam.
- Wabona iNdawo eNkulu ebiyelweyo
- Wabona udonga olukhulu lwamatye.
- Njl.njl.

Ucinga ukuba uShamiso waziva njani ngohambo lwakhe ukuya eGreat Zimbabwe?

- Ndicinga ukuba walonwabela uhambo lwakhe kuba uyacinga, “Wowu! Kuyabukeka oku!” ngazo zonke izinto ezahlukileyo azibonayo apho.
- Ndicinga ukuba waziva ekhuthazekile ngumsebenzi wookhokho bakhe, kuba wayesoloko ecinga ngabo.
- Ndicinga ukuba waziva evuya kuba waba nethuba lokubona indawo ababesuka kuyo ookhokho bakhe.
- Ndicinga ukuba waziva ezidla kuba uzalana nabantu bakudala abakhe iGreat Zimbabwe.
- Enomdla kuba uShamiso uzama ukucinga ngendlela ubomi obabuyiyo kookhokho bakhe abakha iGreat Zimbabwe.



Ufundo 2

Baziva njani uShamiso notata wakhe ekupheleni kwebali?

Baziva beziqhayisa ngookhokho babo.

Sesiphi isakhiwo samatye ekuphela kwaso esikhulu kuneGreat Zimbabwe

Ziiphiramidi zaseYiputha.

Yintoni eyenza uShamiso notata wakhe babe nokuziqhayisa ngayo?

- Kuba ookhokho babo benza izinto ezimangalisayo ezininzi.
- Kuba ookhokho babo babengabakhi bokwenene.
- Kuba ookhokho bakhe babengabarhwebi.
- Kuba ookhokho bakhe babekwazi ukwenza ubucwebe obubukekayo.
- Kuba ookhokho bakhe babengabakhi bokwenene ngamatye.

IBALI 2

UMASHUDU

UYATYELELA

Umxholo: Siyatyelela



Iinkcukacha ngemvelaphi

- Le tekisi libali elingumxube wenyani nokungeyonyani.
- Lisekelwe eMzantsi Afrika.
- Lenzeka kwixesha langoku.
- Eli bali liya kunceda abafundi bakho bafunde nzulu ngeendawo ezahlukeneyo kwiilabathi jikelele.



Eminye imiba yokwabelana nabafundi bakho

- Kweli bali, uMashudu ufunda ngee'New Seven Wonders of the World.' Ezi ziindawo ezisixhenxe ezikwihlabathi jikelele ezithe zachongwa njengezona zimangalisayo nezikhethekileyo kwihlabathi jikelele.
- Olu luhlu lunceda abantu bafunde bazazi ze bazibhiyozele ezi ndawo zikhethekileyo.
- UMashudu akazihambeli ngenene ezi ndawo. Ufunda ngazo encwadini – njengoko nathi siza kwenza njalo xa sifunda eli bali.



Indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda: Fumana uze ukhumbule iinkcukacha

- Yintoni: Ukukhangela nokukhumbula iinkcukacha ezibalulekileyo ezifana nabalinganiswa, indawo kunye neziganeko.
- Kutheni siyisebenzisa: Ukugcina okwenzekileyo nokuqonda ngcono ibali.
- Inceda njani: Ikunceda uthethe ngebali kwaye uqonde nokulandelelana kweziganeko..



Ukusebenzisa le ndlela yobuchule:

Iphepha nomhlathi	Funda	Yithi
19, 1	Isihloko kwiphepha lokuqala sasibhalwe, 'The Great Wall of China.' Utata kaMashudu wafunda inkcazelo: "UDonga oluKhulukazi lwaseTshayina lwakhiwa kwiminyaka engama2 000 eyadlulayo ukukhusela amaTshayina kwiintshaba. UDonga oluKhulukazi lusesona sakhiwo side esakhe sakhiwa ngabantu."	Yintoni uMmangaliso weHlabathi wokuqala? Oo! Ndifunda ukuba lwaziwa ngokuba 'LuDonga oluKhulukazi lwaseTshayina.'
20, 1	Utata kaMashudu wafunda isihloko sesibini ephepheni, "Christ the Redeemer Statue, Brazil." Waza wafunda umbhalo ngezantsi kwalo mfanekiso uqingqiweyo mkhulukazi: "Umfanekiso oQingqiweyo kaKrestu uMsindisi umi phezu kwentaba iCorcovado eRio de Janeiro, eBrazil."	Uphi uMmangaliso weHlabathi wesibini? Oo! Ndifunda ukuba ukwilizwe elaziwa ngokuba yiBrazil.

Utata kaMashudu wafika ekhaya nencwadi evela kwithala leencwadi enesihloko esithi, 'The New Seven Wonders of the World.'

“Asinamali yamatikiti eenqwelomoya kodwa iincwadi zingasithatha zisise naphi na,” utata wakhe wayethanda ukutsho.




Emva kwesidlo sasemimi uMashudu notata wakhe bahlala esofeni kunye. “Makhe sibone ukuba sinantoni na apha,” watsho utata kaMashudu njengoko evula incwadi.

“Masikhethe ukuba sifuna ukundwendwela owuphi na uMmangaliso wesixhenxe!” watsho uMashudu ngokuchwayita.




Isihloko kwiphepha lokuqala sasibhalwe, ‘The Great Wall of China.’ Utata kaMashudu wafunda inkcazelo: “UDonga oluKhulukazi lwaseTshayina lwakhiwa kwiminyaka engama2 000 eyadlulayo ukukhusela amaTshayina kwiintshaba. UDonga oluKhulukazi lusesona sakhiwo side esakhe sakhiwa ngabantu.”

UMashudu wawuqwalasela lo mfanekiso wodonga oluhle. “Wowu! Ndicinga ukuba lo ngowona Mmangaliso ndingathanda ukuwuhambela,” watsho uMashudu.



Utata kaMashudu wafunda isihloko sesibini ephepheni, “Christ the Redeemer Statue, Brazil.” Waza wafunda umbhalo ngezantsi kwalo mfanekiso uqingqiweyo mkhulukazi: “Umfanekiso oQingqiweyo kaKrestu uMsindisi umi phezu kwentaba iCorcovado eRio de Janeiro, eBrazil. Uvelele isixeko. Unomphakamo oziimitha ezingama30 ubude.”


“Wowu! Ndicinga ukuba lo ngowona Mmangaliso ndiqinisekileyo ukuba ndingathanda ukuwuhambela!”



Utata kaMashudu watyhila iphepha kwavela uMmangaliso wesithathu weHlabathi.

“Wowu!” wakhuzo uMashudu, “Ndicinga ukuba lo nguMmangaliso endingathanda ukuwuhambela!”

“YiMachu Picchu,” watsho utata wakhe, “isePeru.” Utata wakhe wafunda umbhalo ochazayo: “IMachu Picchu sisixeko esidala kakhulu phezulu kwiiNtaba zeAndean zasePeru, eMzantsi Melika. Esi sixeko sakhiwa malunga neminyaka angama600 eyadlulayo ngamaInca.”





UMashudu wafunda isihloko soMmangaliso wesine,
“IChichen Itza, eMexico.”

“Ingaba indala nayo?” wabuza uMashudu.

“Kutheni ungazifundeli ukuze uve?” watsho utata wakhe.

UMashudu wafunda: “IChichen Itza yayisixeko saseMayan sakudala. Esinye sezakhiwo ezidume kunene kweso sixeko yiphiramidi ebizwa ngokuba yiEl Caracol. Kumaxesha akudala yayisetgyenziselwa ukujonga isibhakabhaka ebusuku.”

“Wowu! Mhlawumbi lo ngowona Mmangaliso ndingathanda ukuwuhambela,” watsho uMashudu.


“Jonga, le yiColosseum, eRoma, eItaly!” watsho utata kaMashudu. “Yakhiwa ngaphaya kweminyaka engama2 000 eyadlulayo. Ingasingatha abantu abangaphezu kwama50 000 kwimisebenzi kawonke-wonke.”

“Apha kuthiwa imilo ngamakrele yayibanjelwa apha,” watsho uMashudu. “Mhlawumbi lo ngowona Mmangaliso ndingathanda ukuwuhambela.”




“Ndiyayazi leyo!” watsho uMashudu xa utata wakhe etyhila iphepha. “YiTaj Mahal eIndiya.” UMashudu wakhumbula efunda ngayo kwincwadi engeIndiya. “Ndikhumbula ukuba yakhiwa ngumongameli njengelitye engcwabeni lenkosikazi yakhe,” watsho.

“Bendisoloko ndinqwenela ukuya kwiTaj Mahal! Lowo ngowona Mmangaliso ndingathanda ukuwuhambela,” watsho uMashudu.



Ekugqibeleni bafika kuMmangaliso wesixhenxe. Utata kaMashudu wafunda isihloko, “IPetra Jordan,” nenkcazelo: “IPetra sisixeko esihle kunene esixhonkxwe kumatye abomvu luhlanga lwama-Arabhu akudala. Esi sixeko sakhawe entlango kodwa sinenkqubo entsonkothileyo eqokelela imvula namanzi ezikhukula ukuze abantu abahlala apho basoloko benamanzi.”




“Wowu! Mhlawumbi ngulo uMmangaliso endingathanda ukuwuhambela!” watsho uMashudu.

Utata kaMashudu wavala incwadi waza wamngqithisela iphetshana nepensile.

“Bhala phantsi owona Mmangaliso ungathanda ukuwuhambela,” watsho. Bathatha ixeshana bobabini ukubhala baza bawasonga amaphepha batshintshiselana.

“Sewulungile? 1-2-3... vula.”





Ufundo 1

Sasisithini isihloko sencwadi eyeza notata kaMashudu ekhaya?

Le ncwadi inesihloko esithi, 'The New Seven Wonders of the World.'

Ngowuphi uMmangaliso awakhe wawubona uMashudu?

Wayekhe wayibona iTaj Mahal kwincwadi engeIndiya.

Ngowuphi uMmangaliso onokuwubhala phantsi kwisibhilitivana sephepha? Ngoba?

Ndingabhala phantsi... kuba...



Ufundo 2

Kwakutheni ze kwakhiwe udonga olwaziwa njenge 'The Great Wall of China?'

Lwakhelwa ukukhusela amaTshayina kwiintshaba.

Kwakutheni ze kwakhiwe iTaj Mahal?

Yakhiwa njengelitye lengcwaba lenkosikazi kamongameli.

Kwakutheni ukuze utata kaMashudu eze nencwadi ethi, 'The New Seven Wonders of the World' ekhaya?

- Ukuze bafunde ngeendawo ezintsha.
- Ukuze bafunde ngakumbi ngeendawo ezinomtsalane elizweni jikelele.
- Ukuze bafunde ngeendawo ezikude, noxa bengenayo imali yokuthatha uhambo.
- Ukuze bahambele iindawo ezintsha ngemifanekiso.



IBALI 3

IGUMBI LOKUFUNDELA ELONAKALISWEYO



Umxholo: Silungisa izinto



**Iinkcukacha
ngemvelaphi**

- Le tekisi libali elingeyonyani.
- Lisekelwe eMzantsi Afrika.
- Lenzeka kule mihla.
- Eli bali liya kunceda abafundi bakho baqonde ukuba banganceda ukulungisa izinto – akunyanzelekanga ukuba basoloko belinda umntu omdala.



**Eminye imiba
yokwabelana nabafundi
bakho**

- Kubalulekile ukucela uxolo xa ukhathaze omnye umntu okanye wenze impazamo. Umakazi uVuyiswa ucela uxolo kwiklasi kaZweli kuba ikwayara yakhe ishiye yonakalisile yaze yonakalisa umsebenzi wabantwana.
- Nangona abantwana bengenazanga monakalo, bancedisile ukulungisa igumbi lokufundela kwaye balenza lalihle kwakhona.
- Kutitshala: Cinga ngendlela anokuba uzingca ngayo uZweli kukubona umsebenzi wakhe ujinga eludongeni. Ingaba kukho indawo kwigumbi lakho lokufundela apho unokuxhoma umsebenzi wabafundi bakho?



Indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda: Thatha izigqibo ezisekelwe kulwazi olunikiweyo

- Yintoni: Ukuqikelela izinto umbhali angazicacisanga ngokuthe ngqo, usebenzisa imikhondo esebalini.
- Kutheni siyisebenzisa: Ukuqonda intsingiselo enzulu nemiyalezo efihliweyo.
- Inceda njani: Ikunceda uthathe izigqibo njengoko ufunda, uze uqonde ngcono ibali nabalinganiswa.



Ukusebenzisa le ndlela yobuchule:

Iphepha nomhlathi	Funda	Yithi
32, 2 (nomfanekiso)	“Ewe!” watsho uZweli echwayitile. UMnu. Mabaya wabeka umsebenzi kaZweli embindini wodonga, apho wawuza kubonwa ngumntu wonke kusasa ngoMvulo. (Yalatha umfanekiso kaZweli uncumile.)	Jonga uZweli. Ujonge umbhalo wakhe ujinga eludongeni. Ndithatha isigqibo esisekelwe kulwazi olunikiweyo ukuba uziva ezingca ngokuba uMnu. Mabaya efuna ukuwuxhoma ukuze ubonwe ngumntu wonke.
39, 3	“Ndiyaxolisa kakhulu ngeklasi yenu,” watsho umakazi uVuyiswa kubafundi. “Ndiyazi ukuba omnye umsebenzi wenu wonakele. Kwixesha elizayo xa sisebenzisa iklasi yenu siza kuyilumkela into esiyenzayo,” watsho.	Ndithatha isigqibo esisekelwe kulwazi olunikiweyo ukuba umakazi uVuyiswa unokuba uziva engonwabanga ngento eyenzeke kwigumbi lokufundela likaZweli. Uhambe umgama ukuya esikolweni ukuyokucela nje uxolo eklasini.

NgoLwesihlanu, yayinguZweli owayeza kubonisa abanye abantwana ibali lakhe.

“Ndim lo, ndinceda umama wam esitiyeni,” watsho uZweli ekhomba umzobo wakhe. Waza emva koko wafunda izivakalisi zakhe.

“Mhle lo msebenzi!” watsho uMnu. Mabuya.



Yakhala intsimbi. UMnu. Mabuya wabuza,
“Ndingawuxhoma lo mbhalo wakho eludongeni?”

“Ewe!” watsho uZweli echwayitile. UMnu. Mabuya
wabeka umsebenzi kaZweli embindini wodonga, apho
wawuza kubonwa ngumntu wonke kusasa ngoMvulo.



Ngokuhlwa ngaloo mini, uZweli wahlala nomama wakhe kunye nodade wabo omncinci.

“Bekunjani esikolweni?” wabuza umama wakhe.

“Bekukuhle,” watsho uZweli. “Ndifundele iklasi ibali lam, waza uMnu. Mabuya walixhoma eludongeni!”



UZweli wacinga ngebali lakhe elixhonywe eludongeni
impelaveki yonke. Yayingathi akafiki uMvulo xa
abanye abantwana babeza kubona ibali lakhe
eludongeni.



Kodwa bathi xa bengena abantwana eklasini yabo ngoMvulo, yayikhangeleka ikwisimo esibi!

UZweli wajonga ibali lakhe eludongeni kodwa lalingekho.

UMnu. Mabuya wema phambi kweklasi. Wayekhangeleka engemhle ebusweni.

“Bantwana,” watsho uMnu. Mabuya, “ngoMgqibelo, ikwayara isebenzise iklasi yethu. Kubonakala ngathi kukho umntu oxobule umsebenzi wenu eludongeni waza wawonakalisa. Ndikhathazekile koku, kwaye ndiqinisekile ukuba nani nikwanjalo. Ndiyaxolisa ngokungazenzisiyo.”



Ngokuhlwa uZweli wahlala nomama wakhe kunye nodade wabo omncinci.

“Bekunjani esikolweni?” wabuza umama wakhe.

“Bekukubi,” waphendula njalo uZweli. “Ibali lam alikho eludongeni. UMnu. Mabuya uthi ikwayara ibiseklasini yethu ngoMgqibelo. Kukho umntu oxobule wonke umsebenzi wethu omhle eludongeni waza wawonakalisa.”

“Umakazi uVuyiswa nguye umphathi wekwayara,” watsho umama kaZweli. “Ndiza kumtsalela umnxeba emva kwesidlo sangokuhlwa.”



Emva kwesidlo sangokuhlwa, umama kaZweli watsalela umnxeba umakazi uVuyiswa.

“Ikwayara ibiseklasini kaZweli ngoMggibelo, kwaza kwakho umntu osusa zonke izinto ebeziseludongeni,” uZweli weva umama esitsho. “UZweli ukhathazeke kakhulu. Ubhale ibali eliye lonakaliswa!”


Umama waphulaphula umakazi uVuyiswa imizuzwana embalwa. Waza wathi, “Ndiyabulela kakhulu wethu,” wacima ifowuni.



Kwakusasa ngosuku olulandelayo, uZweli wabona umakazi uVuyiswa. Waphakamisa isandla ebulisa uZweli.

“Ingaba ufuna ntoni umakazi uVuyiswa apha esikolweni?” wamangala njalo.

Yakhala intsimbi, waza uZweli waya eklasini yakhe.



UMnu. Mabuya wema phambi kweklasi kunye nomakazi uVuyiswa.

“NguMaDlamini wekwayara lo,” watsho uMnu. Mabuya. “Ufuna ukuthetha nani nonke.”

“Ndiyaxolisa kakhulu ngeklasi yenu,” watsho umakazi uVuyiswa kubafundi. “Ndiyazi ukuba omnye umsebenzi wenu wonakele. Kwixesha elizayo xa sisebenzisa iklasi yenu siza kuyilumkela into esiyenzayo,” watsho.



Emva kokumka kukamakazi uVuyiswa, uMnu. Mabuya wanika umfundi ngamnye iphetshana.

“Ngoku njengokuba sisazi ukuba umsebenzi wethu awusayi konakaliswa, masenze iklasi yethu ikhangeleke intle kwakhona,” watsho.





Ufundo 1

Wayifundela ngoluphi usuku iklasi ibali lakhe uZweli?

NgoLwesihlanu.

Yangena ngoluphi usuku ikwayara eklasini kaZweli?

NgoMgqibelo.

Walibona ngoluphi usuku uZweli ibali lakhe ukuba linyamalele?

NgoMvulo.

Kwakutheni ukuze uZweli abe nosuku olubi esikolweni ngoMvulo?

- Kuba wayecinga ukuba ibali lakhe liya kuba seludongeni, kodwa lalixotyulwe.
- Kuba wayechwayitile impelaveki yonke kuba abanye abantwana babeza kubona ibali lakhe lixhonywe eludongeni, kodwa ibali lakhe laxotyulwa kwaza akwabikho mntu ulibonayo.
- Kuba wayekhathazekile ngenxa yebali lakhe elaxotyulwa eludongeni.
- Kuba wayeziva engonwabanga kuba uMnu. Mabuya wayekhathazekile.



Ufundo 2

Yintoni eyayichwayitise uZweli ngokuya esikolweni ngoMvulo?

Wayechwayitiswe kukuba abanye abantwana babeza kubona ibali lakhe lixhonywe eludongeni.

Watsalela bani umnxeba umama kaZweli?

Watsalela umakazi uVuyiswa umnxeba.

Kwakutheni ukuze umama kaZweli abize umakazi uVuyiswa?

- Kuba umakazi uVuyiswa wayengumphathi wekwayara, ngoko ke unoxanduva lwendlela ababeyiphethe ngayo iklasi kaZweli.
- Kuba ukhathazekile kukuba iklasi kaZweli yayonakalisiwe.
- Kuba ufuna ukuqinisekisa ukuba umakazi uVuyiswa nekwayara yakhe bayiphatha ngcono iklasi xa beyisebenzisa kwixa elizayo.

Kwakutheni ukuze umakazi uVuyiswa eze esikolweni?

- Weza eze kuxolisela amabali axotyulwe eludongeni.
- Weza kuba umama kaZweli wamtsalela umnxeba emxelela ngokwenzekileyo eklasini kaZweli.
- Weza kuba ungumphathi wekwayara, kwaye ikwayara yayisebenzise iklasi kaZweli.
- Weza kuba eze kuxelela uMnu. Mabuya kunye neklasi yakhe ukuba iklasi yabo ayisayi konakaliswa kwakhona.



IBALI 4

UMARI COPENY:

IQHAWEKAZI LAMANZI



Umxholo: Silungisa izinto



Iinkcukacha ngemvelaphi

- Le tekisi libali elingumxube wenyani nokungeyonyani.
- Lisekelwe eFlint, eseMichigan, eUSA.
- Lenzeka kwixesha eselidlule kutshanje – ngexesha uBarack Obama wayenguMongameli weUnited States (ukusukela kowama2008-2016).
- Eli bali liya kunceda abafundi bakho bafunde ngakumbi ngentwazana enguMari Copeny, eyasebenza ilungisa ingxaki kwindawo eyayihlala kuyo.



Eminye imiba yokwabelana nabafundi bakho

- Kwisixeko saseFlint, ilothe enobungozi yangena emanzini empompo. Kwagula abantu abaninzi eFlint ngenxa yala manzi.
- UMari Copeny wayeliqhawe lentombazana yaseFlint. Wabhalela iinkokheli iileta ecela uncedo, waxelela noonondaba ngale ngxaki.
- Ngenxa yokuba uMari engazange athi cwaka, abantu abaninzi beva ngengxaki yamanzi saza isixeko safumana uncedo oluthe chatha.



Indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda: Buza imibuzo / Zibuze

- Yintoni: Ukucinga ngebali ukwabuza imibuzo ngebali elixa ufundayo.
- Kutheni siyisebenzisa: Ukusoloko sinomdla nokufumanisa ngakumbi njengoko ufunda.
- Inceda njani: Ikugcina ubandakanyekile kwaye ikunceda uqonde ngcono ibali. Ikwakunceda uqikelele okuza kwenzeka ebalini.



Ukusebenzisa le ndlela yobuchule:

Iphepha nomhlathi	Funda	Yithi
46, 1	UMari wathi eneminyaka esibhozo, kwavakala iindaba zentlekele yamanzi efikele abantu bendawo yakhe. Ikhemikhali eyaziwa njengokuba yilotho yayingcolisa amanzi. Abantwana abaninzi eFlint babegula ngenxa yokusela isixa esininzi sale khemikhali iyingozi.	Ibonakala njengengxaki enkulu kakhulu le! Ndiyazibuza ingaba ikhona into enokwenziwa nguMari?
48, 1	UMari wathatha isigqibo sokubhala ileta eya kuMongameli uBarack Obama ngemeko yamanzi amdaka ayingozi eFlint. Kwileta yakhe wamema uMongameli ukuba eze kwindawo ahlala kuyo ukuze ayiqonde kakuhle le ntlekele yala manzi.	Ndiyazibuza ingaba ileta kaMari eya kuMongameli iza kunceda ekulungiseni ingxaki kwindawo ahlala kuyo?

UMari Copeny lithandazwe laseMelika elalwela amanzi
acocekileyo kwidolophu yakhe iFlint, eMichigan.



UMari wathi eneminyaka esibhozo, kwavakala iindaba zentlekele yamanzi efikele abantu bendawo yakhe. Ikhemikhali eyaziwa njengokuba yilothu yayingcolisa amanzi. Abantwana abaninzi eFlint babegula ngenxa yokusela isixa esininzi sale khemikhali iyingozi. Abantu bendawo kaMari babevutha ngumsindo kuba amanzi abo ebatyhefa.



UMari nabantwana bakowabo babesoloko besela amanzi empompo ngaphandle kwexhala. Kodwa ngesiquphe kwafuneka beyekile ukusela la manzi abo. Ngoku kwakufuneka basele amanzi akwiibhotile zeplastiki. UMari wayevuya kuba kowabo kwakungekho mntu ugulayo, kodwa wayenomsindo ngenxa yabantu bendawo yakhe.



UMari wathatha isigqibo sokubhala ileta eya kuMongameli uBarack Obama ngemeko yamanzi amdaka ayingozi eFlint. Kwileta yakhe wamema uMongameli ukuba eze kwindawo ahlala kuyo ukuze ayiqonde kakuhle le ntlekele yala manzi. Wacela umama wakhe amposele le leta.

“Uyayazi into yokuba uMongameli ufumana amawaka eeleta yonke imihla? Usenokungayiboni le leta yakho,” wamlumkisa njalo umama wakhe. Kodwa uMari wamcela ukuba ayipose ileta noxa kunjalo.

“Kufuneka eyazile le meko ingamkelekanga siphethwe ngayo. Sifakwa ityhefu kwaye akukho bani uzimisele ukulungisa le meko – kuba singabantu abangezozinhanha,” wacacisa njalo.



Emva kwenyanga yakhala ifowuni kamama kaMari.
Yayiyinombolo engachazwanga. Akuphendula umama
kaMari, yayingomnye wabasebenzi baseWhite House.

“UMongameli Obama uyifundile ileta kaMari.
Unqwenela ukwamkela isimemo sakhe
sokundwendwela eFlint,” watsho lo msebenzi.



Ukubuya kwakhe esikolweni uMari, umama wakhe wancuma wamchazela ukuba ahlale phantsi.

“Ndineendaba ezinkulu zakho,” watsho, “UMongameli Obama uyifundile ileta yakho... uyeza apha eFlint ukuza kudibana nawe.”

Balayita ubuso bukaMari. “Ngoku uMongameli uza kutsho abone indlela engafanelekanga abakuyo abantu bendawo yethu yokubulawa ngamanzi ethu,” watsho uMari.



Ngexesha londwendwelo lukaMongameli Obama eFlint, wahlala phantsi noMari. “Iileta ezivela kubantwana abafana nawe zizo ezenza ukuba ndilibone lingcono ingomso,” watsho.



Undwendwelo lukaMongameli lwamenza abone indlela eyayibuhlungu ngayo kubahlali baseFlint imeko yamanzi anetyhefu yelotho. Emva koko, uMongameli Obama wamisela imeko yonxunguphalo. Wayalela ukukhutshwa kwemali efunekayo kulungiswe inkqubo yamanzi. Ngelishwa isimo senkqubo yamanzi eFlint akuzange kube lula ukusilungisa.




Ngeli xesha abantu baseFlint babelinde ukulungiswa kwemeko yamanzi, uMari wancedisa ukuqinisekisa ukuba babe namanzi akhuselekileyo okusela. Kuqala wanyusa ingxowamali yokuthengela abo bangathathi ntweni amanzi asezibhotileni.

Kodwa ngenye intsasa, uMari akuqaphela emgqomeni wabona ukuba wawuzele zibhotile zeplastiki. Wacinga ukuba iibhotile zeplastiki ezininzi zaziza kungcolisa iplanethi. Ukususela loo mini wathatha isigqibo sokufumana isisombululo esingcono kwimo esingqongileyo. Wanyusa ingxowamali ukuze afumane izihluzi zamanzi.



UMari akazange ayeke ukulwa emva kokuba ingxaki yendawo ahlala kuyo ithe yajongwa. Uyaqhuba esilwela bonke abantwana baseMelika babe namanzi akhuselekileyo nacocekileyo – nokuba bavela kuluntu olungathathi ntweni.





Ufundo 1

Yintoni igama lendawo ahlala kuyo uMari?

Indawo ahlala kuyo yiFlint eseMichigan eMelika.

Yayiyintoni ingxaki kwindawo ehlala uMari?

Ingxaki yayikukuba amanzi ayenobungozi kwabawaselayo / etyhefa abantu / eneeckhemikhali.

Kwakutheni ukuze uMari abhalele uMongameli Barack Obama ileta?

- Kuba wayefuna ukunceda abantu bendawo awayehlala kuyo.
- Kuba kwakukho ingxaki enkulu ekwakufuneka ilungisiwe awayesazi ukuba udinga uncdo.
- Kuba wayefuna uMongameli ayiqonde ingxaki yabo eFlint.
- Kuba wayesazi ukuba uMongameli unamandla okuyilungisa le ngxaki yabo inkulu.



Ufundo 2

Wenza ntoni uMari ukunceda abantu bendawo awayehlala kuyo?

- Wabhalela uMongameli ileta.
- Wenza ingxowamali yokuthenga iibhotile zamanzi kunye nezihluzi.

Ucinga ukuba ungenza ntoni ukuba amanzi kwindawo ohlala kuyo ebengakhuselekanga ukuba aselwe?

Ndicinga ukuba ndinga...

Ucinga ukuba kutheni uMongameli Obama wathi abantwana abafana noMari bamnika ithemba lengomso?

- Kuba wazinika ixesha wambhalela ileta.
- Kuba ungumntu omnye omncinci okhathalayo ngokutshintsha indawo yakhe yonke.
- Kuba usebenza asebenze esenzela abantu bendawo yakhe izinto ngcono.
- Kuba noxa engumntwana, uqalile ukusebenza ephucula indawo ahlala kuyo.



IBALI 5

ISACHOLO

ESILUHLAZA

Umxholo: Sizama ukunyaniseka



Iinkcukacha ngemvelaphi

- Le tekisi libali elingeyonyani.
- Lisekelwe eMzantsi Afrika.
- Lenzeka kule mihla.
- Eli bali liya kunceda abafundi bakho bacinge ngokuba kuthetha ukuthini na ukunyaniseka.



Eminye imiba yokwabelana nabafundi bakho

- Eli libali elingeemvakalelo nezentlalo. Amabali angeemvakalelo nezentlalo abhalelwe ukufundisa abantwana ngeemvakalelo, ubudlelwane kunye nokuziphatha. La mabali axhonkxa izakhono ezinjengovelwano, ukuzibamba, ukunyaniseka, ukusombulula ingxaki kunye nokunxibelelana nabanye. Injongo kukunceda abantwana baqaphele iimvakalelo, baziqhelanise neempendulo ezifanekileyo kunye nokwakha izakhono zentlalo ezintle.
- Kweli bali, umfundi angacinga ngengcamango yoku:
 - Uvelwano: Ukuqonda indlela umhlobo wakho anokuba uziva ngayo ngokulahla into.
 - Ubulungisa: Into ekufuneka uyenzile xa into ingeyoyakho.
 - Unobangela osisiseko nesiphumo: Ukugcina isacholo kuya kwenza omnye umntu akhathazeke.



Indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda: Thatha izigqibo ezisekelwe kulwazi olunikiweyo

- Yintoni: Ukuqikelela izinto umbhali angazicacisanga ngokuthe ngqo, usebenzisa imikhondo esebalini.
- Kutheni siyisebenzisa: Ukuqonda intsingiselo enzulu nemiyalezo efihliweyo.
- Inceda njani: Ikunceda uthathe izigqibo njengoko ufunda, uze uqonde ngcono ibali nabalinganiswa.



Ukusebenzisa le ndlela yobuchule:

Iphepha nomhlathi	Funda	Yithi
66, 1	Akufika ekhaya uZandile evela esikolweni, wakhupha isacholo wasinxiba. Wasibuka sisesihlahleni sakhe. Waza wazijonga esipilini. Sasibengezela kakhulu isacholo. Wayengazange wakha wayibona into entle ngolo hlobo. Kodwa kwathi qatha ubuso bukaGeeta obukhathazekileyo ngexesha lesidlo. Wasikhulula isacholo wasifaka epokothweni yakhe.	Ndithatha isigqibo esisekelwe kulwazi olunikiweyo ukuba uZandile ufuna ukusigcina isacholo kuba sihle. Kodwa akakonwabeli ukusinxiba kuba ucinga ngomhlobo wakhe eziva ekhathazekile. Ndithatha isigqibo esisekelwe kulwazi olunikiweyo ukuba uza kusibuyisela kuGeeta kuba usifaka epokothweni.

UZandile wayebaleka egoduka evela kuloSindiswa ongumhlobo wakhe. Wayesele ekufutshane kakhulu nekhaya xa iliso lakhe lahlala kwinto ethile. Yayiyinto ebengezelayo eluhlaza okwesibhakabhaka.

Wagoba ukuze achole isacholo esihle, esibengezelayo esiluhlaza. Wasichola nje uZandile wankcunkca. Laliselitshona ilanga, kwaye wayethembise umama wakhe ukuba uya kuba sekhaya phambi kokuba kurhatyele.



Akufika ekhaya, wajiwuzisela isacholo sakhe phezulu.

“Jonga ndichole ntoni!” watsho.

Wasifaka esihlahleni sakhe wasibuka. Sasimlingana gingci!

“Uyithatha phi loo nto Zandile?” wabuza umama wakhe. “Umntu waso ufanele ukuba ulahlekelwe ngenene!”

“Ndisichole endleleni, ngoko ke sesam ngoku,” watsho uZandile ezijonga esipilini.



Ngentsasa elandelayo uZandile waphuma phandle.
Wayesiphakamisele phezulu isandla sakhe ukuze
imitha yelanga ihlabe kwisacholo sakhe esiluhlaza.
Wasiqwalasela njengoko sibengezela siqaqambile.
Wayengazange wayibona ngaphambili into enjalo
ngobuhle.



Wabona ummelwane wakhe uGeeta ekhasa kwindledlana eyayiphambi kwezindlu zakowabo.


“Wenza ntoni?” wabuza uZandile.

“Ndikhangela isacholo sam. Ndicinga ukuba siwe ngexesha bendidlala izolo!” watsho uGeeta ekhangeleka ekhathazekile. “Sesona sacholo sam ndisithandayo.”



“Oo,” watsho uZandile. UZandile wacinga ingaba ayisiso na isacholo esicholwe nguye eso. Wehlisa umkhono wejezi yakhe.

“Masithembe uza kusifumana,” watsho. Waza wabaleka wangena endlwini.



Akuba phakathi uZandile, wabuka isacholo kwisihlahla sakhe. Waza wazijonga esipilini. Isacholo sasibengezela ngeyona ndlela, sisihle. Wayengxamele ukubonisa abahlobo bakhe esikolweni ngosuku olulandelayo. Kodwa wacinga ngoGeeta.

“Ndakuthini ukuba uGeeta usibonile isacholo sam esitsha, kuthi kanti sesiya sakhe silahlekileyo?” wacinga njalo uZandile. Wasikhulula wasibeka isacholo sakhe.



Ngexesha lekhefu ngosuku olulandelayo, uZandile wahlala kunye noGeeta noSindiswa.

“Ngempelaveki ndilahle isacholo sam endisithanda kunene. Siluhlaza kwaye siyabengezela,” watsho uGeeta. UZandile wacinga ngesacholo esibengezelayo esiluhlaza esasiphakathi edrowini yakhe. Ngoku wayesazi ngokuqinisekileyo ukuba sesikaGeeta.

“Kodwa ndisichole. Sesam ngoku!” wacinga njalo uZandile. Akazange athethe nto.



Akufika ekhaya uZandile evela esikolweni wakhupha isacholo wasinxiba. Wasibuka sisesihlahleni sakhe. Waza wazijonga esipilini.

Sasibengezela kakhulu isacholo. Wayengazange wakha wayibona into entle ngolo hlobo. Kodwa kwathi qatha ubuso bukaGeeta obukhathazekileyo ngexesha lesidlo. Wasikhulula isacholo wasifaka epokothweni yakhe.



UZandile waya kwammelwane wakhe onguKapoor
waza wankqonkqoza emnyango. Akuvula uGeeta,
wajiwuzisa isacholo emoyeni.

“Jonga ndichole ntoni!” wachaza.



Ubuso bukaGeeta babengezela. UZandile waziva onwabe phantse njengoGeeta njengoko wayemncedisa enxiba isacholo esiluhlaza nesibengezelayo.

“Ndiyabulela Zandile,” watsho uGeeta. “Undenzele imini emnandi!”





Ufundo 1

Wachola ntoni uZandile?

Wachola isacholo esibengezelayo, esiluhlaza okwesibhakabhaka.

Wasichola phi uZandile isacholo?

Wasichola esitalatweni / endleleni.

Kwakutheni ukuze uGeeta akhase endleleni phambi kwendlu yakowabo?

Kuba wayelahlekelwe sisacholo sakhe! Wayekhangelela sona.

Kwakutheni ukuze uZandile angasinxibi isacholo aye naso esikolweni?

- Kuba waqonda ukuba isacholo yayisesikaGeeta.
- Kuba wayengafuni ukuba uGeeta asibone isacholo.
- Kuba wayefuna ukusigcina isacholo!



Ufundo 2

Kwakutheni ukuze uZandile ehlise umkhono wejezi yakhe?

Ukuze agqume isacholo awayesichole nawayesinxibile.

Yintoni eyenza usuku lukaGeeta lube mnandi?


Kukufumana isacholo sakhe.

UZandile wayazi njani ukuba isacholo sesikaGeeta?

- Kuba wayebone uGeeta ekhangela isacholo.
- Kuba uGeeta wamxelela ukuba ulahle isacholo esiluhlaza esibengezelayo.

Kwakutheni ukuze uZandile athathe isigqibo sokubuyisela isacholo kuGeeta?

- Kuba waqonda ukuba isacholo sesomhlobo wakhe.
- Kuba waqonda ukuba uya kusoloko esinxiba emfihlakalweni isacholo.
- Kuba waqonda ukuba umhlobo wakhe kuya kumonwabisa ukufumana isacholo sakhe.
- Kuba waqonda ukuba yayikukwenza okulungileyo oko.



IBALI 6

UMALUSI OWAKHWAZA WATHI 'INGONYAMA'



Umxholo: Sizama ukunyaniseka



Iinkcukacha ngemvelaphi

- Le tekisi libali elingeyonyani.
- Lisekelwe eBotswana.
- Lenzeka kule mihla.
- Eli bali liza kunceda abafundi bakho bacinge ngokuba kukuthini ukunyaniseka – kwaye zingayintoni iziphumo zokuphosisa.



Eminye imiba yokwabelana nabafundi bakho

- Eli bali liyintsomi, libali elingeyonyani elinesifundo sobomi esicacileyo. Isifundo seli bali kukuba ukuphosisa kuneziphumo ezibi.
- Eli bali lingabanceda abafundi bacinge ngonobangela nesiphumo. Umzekelo: ukuba uphosisa kakhulu (unobangela), abantu bayayeka ukukukholelwa xa usengxakini yokwenene (isiphumo)
- Eli bali lingabanceda abafundi bakho bacinge ngeendlela ezahlukileyo. Umzekelo: Kutheni umalusi osebalini ekhwaza athi, 'ingonyama'? (Ingaba unesithukuthezi, udikiwe okanye uyoyika?) Ekugqibeleni, kutheni abantu belali bengezi kumnceda? (Ingaba bacinga ukuba uyaphosisa okanye akanyanisekanga?)



Indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda: Thatha izigqibo ezisekelwe kulwazi olunikiweyo


- Yintoni: Ukuqikelela izinto umbhali angazicacisanga ngokuthe ngqo, usebenzisa imikhondo esebalini.
- Kutheni siyisebenzisa: Ukuqonda intsingiselo enzulu nemiyalezo efihliweyo.
- Inceda njani: Ikunceda uthathe izigqibo njengoko ufunda, uze uqonde ngcono ibali nabalinganiswa.



Ukusebenzisa le ndlela yobuchule:

Iphepha nomhlathi	Funda	Yithi
75, 1	Waza wacinga ukuba ingaba kungenzeka ntoni xa kungakho ingonyama ehlasela enye yeenkomo zakhe azixabise kunene. Wakhwaza, “Ingonyama! Ingonyama! Kukho ingonyama eleqa iinkomo zam!”	Ndizithathela isigqibo sokuba uMonwabisi angaba uziva esoyika okanye enexhala ngento enokwenzeka ukuba ingonyama ingahlasela iinkomo zakhe. Ndizithathela isigqibo sokuba ufuna ukwazi bangeza kunceda na abantu.
80, 1	Kodwa ngeli tyeli, akukho mntu wavelayo. Abemi belali bacinga ukuba uMonwabisi uzama ukudlala ngabo kwakhona.	Ndizithathela isigqibo sokuba bathe abemi belali bakuva uMonwabisi ekhwaza, badlala ngamehlo abamhoya kweli tyeli!

Yonke imihla ekuseni, uMonwabisi wayephuma aye kufunela iinkomo zakhe amadlelo aluhlaza ukuze zifumane ukutya. Imini yonke wayehlala ezolusile ngothando ezikhusela engozini.



Ngobunye ubusuku, wathi xa esondela ekhaya uMonwabisi wadlula kwisangqa sabantu belali, babehleli phandle bencokola iindaba zaloo mini.

“Ndive ukuba kukho enye ingonyama eqhawule elugcinweni yaza yahlasela ithole lenkomo elisanda kuzalwa,” watsho omnye wabemi belali.

“Ndifunde ngosonzululwazi ofuna sizobe amehlo ngepeyinti kwimiva yeenkomo ukuzama ukuzikhusela ekuhlaselweni ziingonyama!”wahleka omnye ummi welali.

“Siza kwenza ntoni ukuba kungakho ingonyama efika ihlasele iinkomo zelali yethu?”wacinga njalo ummi welali wesithathu.



Ngentsasa elandelayo uMonwabisi wazikhaphela iinkomo zakhe zanzusa ucingo lweMakgadikgadi elikhaya lezilwanyana zasendle. Wabona indlulamthi isitya kwimithi emide. Wacinga ukuba ingaba iingonyama ziyazihlasela na iindlulamthi. Waza wacinga ukuba ingaba kungenzeka ntoni xa kungakho ingonyama ehlasela enye yeenkomo zakhe azixabise kunene.

Wakhwaza, “Ingonyama! Ingonyama! Kukho ingonyama eleqa iinkomo zam!”



Baphuma bebaleka abemi belali ukuza kunceda le nkwenkwe boyikise ingonyama ibaleke. Kodwa bathi bakufika ekupheleni kwepaki ababona ngonyama, kungabonakali nanto ileqwayo. UMonwabisi akazange akwazi ukuzibamba wagigitheka akubona uRhulumente obhidekileyo.

“Ungabe uphinde ukhwaze uthi ‘ingonyama’ ingekho Monwabisi!” bambombozela batsho abemi belali njengoko babehamba.



Ngemvakwemini elandelayo, uMonwabisi waziva edikiwe njengoko wayehleli phantsi komthi omkhulu webaobab ejonge iinkomo zakhe zisitya. Wagigitheka yedwa xa ecinga ngobuso obudidekileyo babemi belali bakubona ukuba kudlalwe ngabo. Wathatha isigqibo sokuba kungamnandi ukubenza into yokudlala kwakhona.

Watsala umoya ezantsi waza wakhwaza, “Ingonyama! Ingonyama! Nantso ingonyama ileqa iinkomo zam!”



Abemi belali beza bebaleka ukuza kunceda le nkwenkwe bothuse ingonyama ibaleke. Kodwa bathi bakufika kumthi webaobab bafumanisa kwakhona ukuba akukho ngonyama, kungabonakali nanto ileqwayo. UMonwabisi waphela yintsini akubona ukucaphuka okubhalwe ebusweni babemi belali.

Wakhwaza ummi welali wathi,
“Ungabe uphinde ukhwaze
uthi ‘ingonyama’ xa kungekho
ngonyama!”



“Bubukrwada nokungabi
nambeko ukudlala ngathi!”
wakhwaza watsho omnye
ummi welali njengoko
ehamba esimka.



Ngosuku olulandelayo, uMonwabisi wathatha iinkomo zakhe ziye kusela emlanjeni. Wahlala phantsi waphupha ngendlela adlale ngayo ngabemi belali.


Kodwa ngephanyazo, kwabakho into engathi ncam. Wothuswa kukukhwaza kweenkomo zinxakama. Iintsimbi zazo zazibetha zikhala ngamandla njengoko zazibaleka zigqiba indawo yonke.

Kanye ngelo xesha, kwatsiba imazi yengonyama iphuma ematyholweni yangqala kwelona thole lincinane. UMonwabisi akazange awakholelwe amehlo akhe.

“Ingonyama! Ingonyama! Nantso ingonyama ileqa iinkomo zam!” wakhwaza exakanisekile.



Kodwa ngeli tyeli, akukho mntu wavelayo. Abemi belali bacinga ukuba uMonwabisi uzama ukudlala ngabo kwakhona.



Ngorhatya, abemi belali bamangala ukuba kutheni uMonwabisi engabuyanga ukuza ekhaya. Bakhangela, bakhangela de bamfumana egixa esoyika nokushukuma. Imazi yengonyama yayihleli phezu kwexhoba layo ixhaphe igazi.

“Bekukho ingonyama ngenene apha! Umhlambi wam uthe saa! Ndikhwazile ndathi ‘ingonyama!’ Kutheni ningezanga?” wabuza uMonwabisi engcangcazela.




Kwabakho ixhego elizama ukumthuthuzela njengoko babehamba begoduka.

“Siza kukuncedisa ufumane iinkomo zakho ezilahlekileyo kusasa,” latsho lijikelisa ingalo ligona uMonwabisi.

“Akukho mntu uzileyo ukuza kukunceda kuba akukho mntu ukholelwa ixoki... naxa selithetha inyaniso!”

Ukususela loo mini uMonwabisi wathatha isigqibo sokuba akasayi kuze aphinde adlale ngabemi belali kwakhona.





Ufundo 1

Udlale amatyeli amangaphi ngabemi belali uMonwabisi?

Udlale ngabo kabini.

Silwanyana sini esihlasele iinkomo zikaMonwabisi?

Inkomo zakhe zihlaselwe yingonyama.

Kwakutheni ukuze abemi belali bangezi bebaleka xa ingonyama yenene yafika yahlasela iinkomo zikaMonwabisi?

- Kuba uMonwabisi wakhwaza kabini esithi, 'ingonyama' ngaphambili, kodwa kwakungekho ngonyama.
- Kuba uMonwabisi wadlala ngabo kabini, ngoku abasamkholelwa.
- Kuba ukhwaze ngendlela efana nangoku wayephosisa noxa enyanisile ngoku.
- Kuba akukho mntu ukholelwa ixoki – nokuba selithetha inyani.



Ufundo 2

Waphosisa wathini uMonwabisi?

Waphosisa wathi kukho ingonyama eleqa iinkomo zakhe, noxa kwakungenjalo.

Yeyiphi le ndawo yokugcina izilwanyana ungazithathela isigqibo ngokulandela ibali uthi uhlala kufutshane kuyo uMonwabisi?

Ndiyakwazi ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali ndithi, uMonwabisi uhlala kufutshane neNdawo yoGcino lweZilwanyana iMakgadikgadi, kuba uhamba neenkomo zakhe zigudle ucingo lwayo.

Kwakutheni ukuze uMonwabisi athathe isigqibo sokungaze aphinde adlale ngabemi belali kwakhona?

- Kuba waqonda ukuba oko kwabenza baziva bengahloniphekanga / becaphuka / benomsindo.
- Kuba waqonda ukuba wathi akudlala ngabo, oko kwathetha ukuba abayi kuza xa ebadinga.
- Kuba wabona ukuba ukudlala ngabantu kwakuneziphumo ezingathandekiyo.



IBALI 7

UBOMI

OBUNGENAMIDA

Umxholo: Imfundo yethu



Iinkcukacha ngemvelaphi

- Le tekisi libali elingumxube wenyani nokungeyonyani.
- Lisekelwe eTanzania.
- Lenzeka kwixesha elidlulileyo.
- Eli bali liya kunceda abafundi bakho bafunde ngakumbi ngomntu wokwenene ogama linguRebeca Gyumi, owakhula esazi indlela ebaluleke ngayo imfundo yabantwana.



Eminye imiba yokwabelana nabafundi bakho

- URebeca Gyumi ligqwetha laseTanzania kunye nomlweli wamalungelo abantwana osebenzele ukukhusela amantombazana kwimitshato yabantwana. Njengebhinqa eliselula, uRebeca wakhokela ityala elaba yimpumelelo elanceda ukutshintshwa kwemithetho ukuze amantombazana abe neminyaka eli18 ubuncinane ukuze atshate eTanzania.
- URebeca uthetha phandle esidlangalaleni kwaye usebenzisa amabali, izikolo, kunye neenkqubo zoluntu ukunceda amantombazana azive ekhuselekile ukuxela iingxazi kwaye athathe azikhethela.



Indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda: Yenza uhlolo

- Yintoni: Ukuthatha isigqibo sokuba uyalithanda na ibali okanye izigqibo ezithatyathwe ngabalinganiswa.
- Kutheni siyisebenzisa: Ukuthatha ezakho izigqibo nokuqonda ibali ngokunzulu.
- Inceda njani: Inceda ucinge ngomyalezo webali kunye nokukholelwayo ngalo.



Ukusebenzisa le ndlela yobuchule:

Iphepha nomhlathi	Funda	Yithi
89, 3	“Umama wam wathi umtshato ubaluleke ukodlula isikolo emantombazaneni,” omnye umhlobo wakhe watsho.	Masihlole ingxaki kweli bali: asingabo bonke abantu abacinga ukuba amantombazana ayayidinga imfundo.
92, 1	Ngobo busuku, uRebeca waxelela umama wakhe ngawo onke amantombazana ayeke isikolo. “Ndiyakucela, ungandikhuphi sikolweni!” wakhala watsho uRebeca. “Isikolo sibaluleke ngeyona ndlela,” waphinda watsho umama wakhe, “kumantombazana nakumakhwenkwe ngokunjalo!”	Ndizithathela isigqibo sokuba umama kaRebeca ucinga ukuba imfundo ibalulekile kumntu wonke – amantombazana namakhwenkwe. Andiqondi ukuba umama kaRebeca uya kumenza asiyeke isikolo.

URebeca wayelindele ukuqala esikolweni ubomi bakhe bonke! Eselusana oluncinane, abazali bakhe bamxelela indlela ebaluleke ngayo imfundo.

“Isikolo sibaluleke ngeyona ndlela,” wantyiloza watsho umama wakhe.

“Imfundo yakho iya kukunika ubomi obungenamida,” wacula wenjenjalo umakazi wakhe.



Njengomntwana omncinane, uRebeca wayesithanda isikolo. Wayengumhlobo kunye namantombazana amaninzi ahlakaniphileyo nanetalente kwisikolo iMazengo Prayimari eDodoma, kwilali yakhe kwelaseTanzania.


“Isikolo sibaluleke kakhulu!” wayesitsho umama wakhe yonke imihla kusasa.

“Imfundo yakho iya kukunika ubomi obungenamida!” umakazi wakhe wayemxelela qho emva kwemini.




Wathi uRebeca njengokuba ekhula, waqaphela ukuba amanye amantombazana eklasini yakhe ayekile ukuza esikolweni. URebeca wayeziva enako ukwenza nantoni ngemfundo, kodwa wayebona ukuba asingabo bonke abafundi beklasi yakhe abakuqondayo oko.

“Umnakwethu uthi amantombazana awahlakaniphanga njengamakhwenkwe,” watsho omnye wabahlobo bakhe kuye.



“Umama wam wathi umtshato ubaluleke ukodlula isikolo emantombazaneni,” omnye umhlobo wakhe watsho.





Ayecutheka ngokucutheka amantombazana eklasini yakhe kwisikolo seMfundo ePhakamileyo iKilakala.

“Uyephi uAdla?” wabuza uRebeca komnye umhlobo wakhe uJoyce ngenye imini, xa babesendleleni egodukayo kunye.


“Oo! Unomyeni ngoku,” waphendula watsho uJoyce.

“Usamkhumbula uZahara?” wabuza uJoyce.

“Utshatile naye, akasezi esikolweni.”

“UZahara wayephuma phambili kwizifundo zeziBalo. Ndandicinga ukuba uya kuba ngugqirha,” watsho uRebeca.

“Kutheni kungekho nkwenkwe iyeke isikolo, kodwa wona amantombazana emaninzi kangaka?” wamangala njalo uRebeca.



Ngobo busuku, uRebeca waxelela umama wakhe ngawo onke amantombazana ayeke isikolo.

“Ndiyakucela, ungandikhuphi esikolweni!” wakhala watsho uRebeca.

“Isikolo sibaluleke ngeyona ndlela,” waphinda watsho umama wakhe, “kumantombazana nakumakhwenkwe ngokunjalo!”

“Imfundo yakho iya kukunika ubomi obungenamida!” waphinda watsho umakazi wakhe.




URebeca waziva enethamsanqa. Wayenqwenela ukuba onke amantombazana eklasini yakhe angafumana olu hlobo lwenkxaso kumakhaya awo. URebeca wathatha isigqibo sokuba imfundo yakhe uya kuyisebenzisela ukunceda amantombazana afana naye.



KwiYunivesithi yaseDar es Salaam, uRebeca wakhetha ukwenza izifundo zobugqwetha. Wafunda ngomthetho waseTanzania ovumela amantombazana ukuba atshate emancinane - eneminyaka elishumi elinesine. Kodwa, iminyaka yamakhwenkwe yona yayilishumi elinesibhozo!

“Oku kufanele kukuba sisizathu esibangela ukuba uninzi lwamantombazana luyeke isikolo,” wacinga njalo uRebeca. “Ndiza kuwutshintsha lo mthetho!”



Emva kokuthweswa isidanga, uRebeca nabantu awayesebenza nabo basebenza nzima bezama ukutshintsha lo mthetho. Abantu abaninzi bathi basebenza ngokuchasene namasiko aseTanzania. Kodwa uRebeca wabaphikisa. “Naliphi na isiko elivisa ubuhlungu amantombazana ayilosiko lifanele ukugcinwa,” waphikisa ngelitshoyo.



URebeca nabantu awayesebenza nabo bathi thaca iziphakamiso zabo phambi kweejaji kwiNkundla ePhakamileyo yaseTanzania. Iijaji zavumelana neqela likaRebeca zaza zathatha isigqibo sokutshintsha umthetho waseTanzania. Oku kwathetha ukuba iminyaka emiswayo yokutshata ngokusemthethweni kwamantombazana yatshintsha yalishumi elinesibhozo, kanye njengamakhwenkwe!



Noxa umthetho utshintshiwe, uRebeca akayekanga ukusebenza nzima esilwela amalungelo amantombazana. URebeca usasebenza nzima engadinwa eqinisekisa ukuba onke amantombazana ayazi ukuba isikolo sibalulekile kwaye imfundo iya kuwanika ubomi obungenamida!





Ufundo 1

Liqhubeka phi eli bali?

ETanzania

Yintoni ingxaki kweli bali?

- Ingxaki kukuba amantombazana ayeka isikolo.
- Ingxaki kukuba abanye abantu bacinga ukuba imfundo ayibalulekanga kumantombazana.

Wenza ntoni uRebeca ukuzama ukusombulula ingxaki?

- Wathatha isigqibo sokuba ligqwetha.
- Walwa nemithetho engenabulungisa.

Ucinga ukuba yintoni eyenza uRebeca ahlale esikolweni?

- Kuba wayesithanda isikolo.
- Kuba usapho lwakhe lwalucinga ukuba imfundo ibaluleke kakhulu.
- Kuba usapho lwakhe lwalufuna abe nobomi obungenamida.
- Kuba wayesoloko exelelwa ukuba imfundo yeyona nto ibalulekileyo, kumantombazana namakhwenkwe



Ufundo 2

Ngubani oxelela uRebeca ukuba imfundo ibalulekile?

Ngumama wakhe nomakazi wakhe / Ngabazali bakhe.

Unganako ukuhlola imeko kaRebeca? Ucinga ukuba wayengumntu onjani?

Ndicinga ukuba waye... kuba...

Ucinga ukuba yintoni eyayisenza uRebeca Gyumi azimisele ukutshintsha umthetho waseTanzania?

- Kuba wayefundiswe ukuba imfundo yeyona nto ibalulekileyo.
- Kuba wabona ukuba lo mthetho wawuthetha ukuba amantombazana amaninzi ayeka isikolo ngaphezu kwamakhwenkwe.
- Kuba wayefuna ukuqinisekisa ukuba onke amantombazana afumene imfundo phambi kokuba atshate.
- Kuba wayefuna amantombazana azi ukuba angayiyo nantoni na afuna ukuba yiyo.
- Kuba wabona ukuba umthetho wawunefuthe elibi kumantombazana endawo awayehlala kuyo.

IBALI 8

UMALALA ULWELA

IMFUNDO

Umxholo: Imfundo yethu



Iinkcukacha ngemvelaphi

- Le tekisi libali elingumxube wenyani nokungeyonyani.
- Lisekelwe ePakistan.
- Lenzeka kwimihla edlule kutshanje (malunga nowama2012).
- Eli bali liya kunceda abafundi bakho bafunde ngakumbi ngomntu wokwenene owaziwa ngokuba nguMalala Yousafzai, osaqhubeka esilwela onke amantombazana ukuba afumane imfundo.



Eminye imiba yokwabelana nabafundi bakho

- Kwihlabathi jikelele, angaphezu kwezigidi ezili130 amantombazana angaphandle esikolweni ngenxa yocalucalulo ngokwesini.
- UMalala Yousafzai (obizwa ngolu hlobo: mah-lah-lah yoo-sahf-zai) yintombazana engumPakistani owathethelela ilungelo lokuya esikolweni labo bonke abantwana, ngakumbi abangamantombazana.
- Wanceda abantwana ngokuthetha, ukubhala (ibali lakhe liyincwadi ethi *I Am Malala*), nokuxhasa iinkqubo ezithumela amantombazana esikolweni.



Indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda: Yenza unxulumaniso

- Yintoni: Ukucinga indlela ibali elinxulumana ngayo nobomi bakho, ezinye iincwadi okanye ihlabathi.
- Kutheni siyisebenzisa: Ukuqonda nokulandela ngcono ibali ngokulinxulumanisa nezinto osele uzazi.
- Inceda njani: Yenza ibali libe nentsingiselo kwaye kube lula ukulikhumbula.



Ukusebenzisa le ndlela yobuchule:

Iphepha nomhlathi	Funda	Yithi
102, 4	“Ngumsebenzi wam ukuqinisekisa ukuba amantombazana elali yethu anawo onke amathuba afunyanwa ngamakhwenkwe,” waphendula ngqwalabala njalo utata kaMalala. Wabukela njengoko intwazana yakhe uMalala ikhula ifunda kunye namanye amantombazana aseMingora.	Ndiyakwazi ukwenza unxulumaniso. Bobabini uMalala noRebeca Gyumi babeneentsapho ezibaxhasayo kumakhaya abo. Zombini ezi ntsapho zazikukhathalele ukuqinisekisa ukuba abantwana babo abangamantombi bafumana imfundo efanelekileyo.
111, 1	Xa wayeneminyaka eli17 kuphela, uMalala wawongwa ngembasa iNobel Peace Prize. Wayengoyena mncinane kwabakhe bayiphumelela ngaphambili! UMalala usaqhuba umsebenzi wakhe wokusebenza adale ihlabathi apho amantombazana anokufunda khona ze akhokele.	Bobabini uMalala noRebeca basaqhuba besilwela ukuba amantombazana aye esikolweni. Bobabini bakhathalele ukuba amantombazana afumane amathuba afanayo nawamakhwenkwe.

UMalala wazalelwa eMingora, ePakistan ngomhla we12 kaJulayi, 1997.

“Akwaba ebeyinkwenkwe!” watsho omnye wabamelwane kuZiauddin, utata kaMalala.

“Uza kwenzani ngentombazana? Ayisoze ikuzisele butyebi!” watsho omnye enikina intloko.

“Ndiza kumnika uMalala onke amathuba ebeya kufunyanwa ngumntwana oyinkwenkwe,” waphendula njalo utata wakhe ejonge kuloo mehlo makhulu osana lwakhe luyintombazana.



UZiauddin wasigcina isithembiso sakhe sokunika uMalala namanye amantombazana afana naye onke amathuba awayenokufunyanwa ngabantwana abangamakhwenkwe. Waqala isikolo samantombazana eMingora.


“Kutheni wenze isikolo samantombazana?” omnye wabamelwane wakhwaza njalo ebuza uZiauddin njengoko wayesiya emsebenzini.

“Kunceda ntoni ukufundisa amantombazana?” watsho omnye, enikina intloko.

“Ngumsebenzi wam ukuqinisekisa ukuba amantombazana elali yethu anawo onke amathuba afunyanwa ngamakhwenkwe,” waphendula ngqwabalala utata kaMalala. Wabukela intwazana yakhe uMalala ikhula ifunda kunye namanye amantombazana aseMingora.



Kodwa kwatshintsha yonke into yakuthatha ulawulo iTaliban elalini yabo. Batshintsha ubomi ngeendlela ezininzi. Ukuba nomabonakude kwavalwa. Ukudlala umculo kwavalwa. Kwaza akwavunyelwa ukuba abantwana abangamantombazana baye esikolweni.



ITaliban yayisele iqhushumbise izikolo zamantombazana ezingaphezu kwe100 xa ayexelela uZiauddin ukuba makavale iingcango zesikolo sakhe.

“Bendifuna ukunika uMalala namanye amantombazana onke amathuba afunyanwa ngamakhwenkwe – kodwa andinakubeka ukhuseleko lwawo emngciphekweni,” wacinga njalo uZiauddin.

UMalala wavalelisa kubantwana awayefunda nabo enyembezana. Wayengazi nokuba uya kuze aphinde abe seklasini kunye nabahlobo bakhe kwakhona.



UZiauddin waqhubeka nokufundisa uMalala izinto ezininzi ekhaya. Kodwa uMalala wayekukhumbula ukufunda esikolweni namanye amantombazana afana naye.



NgoSeptemba wama2008, uZiauddin wasa uMalala ePeshwar Press Club, umbutho weentatheli. Kulapho uMalala wenza intetho yakhe yokuqala khona.

“Iyenza njani iTaliban into yokohlutha ilungelo lam elisisiseko lemfundo?” uMalala wabuza abaphulaphuli bakhe. Ngosuku olulandelayo, amazwi akhe avela kumaphephandaba nakwiitshaneli zikamabonakude kwiPakistan iphela.

UMalala wayesazi ukuba amazwi akhe aya kuvusa umnye le kwiTaliban. Kodwa wathatha isigqibo sokungathi cwaka – nokuba oko kuya kumenza ixhoba.



UMalala waqhuba ethetha ngokuphandle ethethela ilungelo lakhe lokufunda. Wabhala ibhlog, ukuze abantu kwihlabathi jikelele bayiqonde intsokolo yakhe. Wavela nakumabonakude.

“Umyeka njani uMalala athethe kumabonakude ngemfundo yamantombazana?” omnye ummelwane wasebezela uZiauddin watsho.

“Landela imithetho yeTaliban qha wena!” wathetha ngqwabalala watsho omnye enikina intloko.

“Ndinike uMalala ithuba elifanayo nelamakhwenkwe kwaye ngoku uyazithethela,” waphendula watsho ngokuziqhayisa utata kaMalala.



Njengoko uMalala esiya esaziwa, waba lixhoba ngakumbi waza wafumana izigrogriso zokubulawa. UMalala wayesoyika, kodwa uloyiko lwakhe aluzange lumthintele ekuthetheni ngokuphandle ethethela amantombazana.



Ngo-Okthobha wama2012, endleleni egodukayo evela kuhlalela uviwo, ebhasini kaMalala kwakhwela umbulali ozigqume ubuso. “Ngubani uMalala?” wabuza njalo. Waza wadubula uMalala entloko kwicala lasekhohlo.

Wenzakala kakubi uMalala kodwa akafa. Wathathwa ngenqwelomoya ukusuka kwisibhedlele samajoni ePakistan ukuya kwesinye, waza emva kwexesha kwandizwa naye ukuya eUK eza kufumana unyango khona.

Yathi iTaliban yakufumanisa ukuba uMalala akafanga, akhupha isaziso esithi aza kumzingela kwakhona ukuba ubuyele ePakistan.



Kodwa uMalala wafumana imiyalezo emnandi evela kwihlabathi jikelele.

“Siyabulela ngokuba liqhawe lemfundo yamantombazana,” yayisitsho enye ileta.

“Ulibonisile ihlabathi ubunzima athi abufumane amanye amantombazana ukuze afumane imfundo. Siyabulela ngokunceda utshintshe ihlabathi,” umyalezo kaFacebook wawusitsho.

“Ngumsebenzi wam ukuqinisekisa ukuba onke amantombazana afumana ithuba elifanayo nelifunyanwa ngamakhwenkwe,” wagqiba njalo uMalala.



Xa wayeneminyaka eli17 kuphela, uMalala wawongwa ngembasa iNobel Peace Prize. Wayengoyena mncinane kwabakhe bayiphumelela ngaphambili! UMalala usaqhuba nomsebenzi wakhe wokudala ihlabathi apho amantombazana anokufunda khona ze akhokele.





Ufundo 1

Wazalelwa phi uMalala?

Wazalelwa eMingora ePakistan.

Kwakutheni ze kufuneke ukuba uMalala asiyeke isikolo?

- Kwafuneka asiyeke isikolo kuba kwavalwa ukuya kwamantombazana esikolweni.
- Kwafuneka asiyeke kuba iTaliban yathatha ulawulo, yaze yawayekisa amantombazana ukuya esikolweni.

Kwakutheni ukuze uMalala abe lixhoba leTaliban?

- Kuba wayethetha ngokuphandle ngelungelo lakhe lokufumana imfundo.
- Kuba wavela kumaphephandaba nakumabonakude ethetha ngokubaluleka kwemfundo kumantombazana.
- Kuba iTaliban yayingakuvumeli ukuya kwamantombazana esikolweni, kwaye uMalala wayengavumelani nayo.
- Ngenxa yocalucalulo ngokwesini.



Ufundo 2

Yintoni ucalucalulo ngokwesini?


Ucalucalulo ngokwesini kuxa amakhwenkwe namantombazana ephathwa ngendlela eyahlukileyo / enganikwa mathuba afanayo.

Ungaziva njani xa kunokubakho umntu okucalucalulayo ngenxa yesini sakho?


Ndingaziva... kuba...

Kwakutheni ukuze bobabini uRebeca Gyumi noMalala Yousafzai banikezele ubomi babo ekubeni balwele imfundo yamantombazana?

- Kuba bobabini babekholelwa ukuba amantombazana amele ukufumana amathuba afanayo namakhwenkwe.
- Kuba bobabini bakhulela kwiintsapho ezazingacalucaluli – babefuna onke amantombazana afane nabo.
- Kuba imfundo yayibalulekile kubo bobabini, babefuna ukuqinisekisa ukuba onke amantombazana ayayifumana imfundo nawo.



IKOTA 2



IMEPHU YOMZANTSI AFRIKA




UMntla Koloni



INtshona Koloni

ULwandlekazi
lweAtlantiki





ILimpopo

Isangweji
eyongeziweyo

Incwadi
yokuqala
kaStacey

**UMntla
Ntshona**

IGauteng

IMpumalanga

IFreyistata

**IKwaZulu-
Natal**

UKhaya
wenza
umhlobo
omtsha

UZweli
wenza
ibhola

IMpuma Koloni

**ULwandlekazi
IweIndiya**

IMEPHU YEHLABATHI



UMntla Melika

ULwandlekazi
lweAtlantiki

Isifudumezimanzi
selanga sikaXochitl

ULwandlekazi
lwePasifiki

UMzantsi
Melika



IYurophu

IAsia

ULwandlekazi
lwePasifiki

IAfrika

IAustralia

ULwandlekazi
lweIndiya

IAntarctica

Ababhali
bokuqala
behlabathi

ULi Jie, intoli
emangalisayo
enetalente

Iphiko lamanzi
elimangalisayo
likaWilliam

IKOTA 2 AMABALI



1. UZweli wenza ibhola

119



2. ULi Jie, intoli emangalisayo enetalente

131



3. Incwadi yokuqala kaStacey

145



4. Ababhali bokuqala behlabathi

161



5. UKhaya wenza umhlobo omtsha

175



6. Isangweji eyongeziweyo

189



7. Iphiko lamanzi elimangalisayo likaWilliam

203



8. Isifudumezimanzi selanga sikaXochitl

219

IBALI 1

UZWELI WENZA IBHOLA

Umxholo: Siyaziqhelanisa



**Iinkcukacha
ngemvelaphi**

- Eli libali elingeyonyani.
- Lisekelwe eMzantsi Afrika.
- Lenzeka kule mihla.
- Eli bali liya kunceda abafundi bakho baqonde ukuba ukuziqhelanisa kuyasanceda siphucuke, nkqu nokuba siziva sineentloni okanye senza iimpazamo ekuqaleni.



**Indlela yobuchule
bengqiqo nokuqonda:
Thatha izigqibo ezisekelwe
kulwazi olunikiweyo**

- Yintoni: Kukuqikelela izinto umbhali angazicacisanga ngokuthe ngqo, usebenzisa imikhondo esebalini.
- Kutheni siyisebenzisa: Ukuqonda intsingiselo enzulu nemiyalezo efihliweyo.
- Inceda njani: Kukunceda uthathe izigqibo njengoko ufunda, uze uqonde ngcono ibali nabalinganiswa.



**Eminye imiba
yokwabelana nabafundi
bakho**

- Wonke umntu uyazenza iimpazamo ngamanye amaxesha. Kwimidlalo enjengebhola ekhatywayo, ukwenza iimpazamo kusenokuthetha ukuphosa ibhola okanye ukuphosa ukufaka inqaku. Nokuba kuyindalo ukwenza iimpazamo, kunokuba ziintloni.
- Ukuziqhelanisa kuthetha ukwenza into ngokuphindaphinda ukuze ube ngcono. Xa siziqhelanisa, siyaphucuka ekuhambeni kwexesha. Nkqu nokuziqhelanisa kwexesha elifutshane kungenza umahluko omkhulu.
- Asisoloko siba nezinto esizifunayo. Singacinga ngeendlela zobugcisa zokusombulula iingxaki. Xa uZweli engenabhola ayifunayo ukuziqhelanisa kwibhola ekhatywayo, uba nobuchule enze eyakhe ibhola esebenzisa izinto anokuzifumana ekhaya.
- Emva kokuziqhelanisa, uZweli uziva elungele ukudlala ibhola ekhatywayo nabantwana abadala. Xa siziqhelanisa, oko kungasenza sizithembe ngakumbi kwizakhono zethu.



Ukusebenzisa le ndlela yobuchule:

Iphepha nomhlathi	Funda	Yithi
121, 2	Ibhola yeza ngakuye. Wazama ukuyikhabela kubantwana abadala. Kodwa wayiphosa. Ubuso bakhe buvakala bushushu. Wabaleka wagoduka.	Ndingazithathela isigqibo esisekelwe ebalini ndithi uZweli ufuna ukudlala ibhola ekhatywayo, kuba ubukele abanye abantwana bedlala. Akuyiphosa ibhola, kuthiwa ubuso bakhe buvakala bushushu kwaye ubaleka emke. Ngoko, ndingazithathela isigqibo esisekelwe ebalini ndithi uziva ephoxeke ngokwenene akuyiphosa ibhola.
127, 1	UZweli wathatha ibhola yakhe entsha waya phandle. Wayikhaba wayikhaba ibhola. Wabeka amatye amakhulu amabini njengeepali. Waziqhelanisa ukukhaba ibhola ingene phakathi kwamatye amakhulu.	Ndiyakhumbula ukuba uZweli wayiphosa ibhola ekuqaleni kwebali. Ndingazithathela isigqibo esisekelwe ebalini ndithi ufuna ukuziqhelanisa nokuba ngcono kwibhola ekhatywayo. Ngolo hlobo, akazokuyiphosa ibhola kwakhona!

UZweli wabona abantwana abadala bedlala ibhola ekhatywayo. Wahlala phantsi ecaleni kwebala lemidlalo. Wayefuna ukudlala kodwa eneentloni ukubacela.

Ibhola yeza ngakuye. Wazama ukuyikhabela kubantwana abadala. Kodwa wayiphosa. Ubuso bakhe bavakala bushushu. Wabaleka wagoduka.



“Kufuneka ndiqhelanise,” wacinga njalo. “Ndidinga ibhola.”

UZweli wakhangela ibhola endlwini. Wafumana ibhola encinci ebomvu, ebhampayo. Wazama ukuyikhaba, kodwa yayingekho nkulu ngokwaneleyo. “Kufuneka ndenze le bhola ibe nkulwana,” wacinga njalo. UZweli wacinga, wacinga indlela anokwenza ngayo ibhola yakhe encinci ebhampayo ibe yibhola enkulu yomdlalo webhola ekhatywayo.



UZweli waqalisa ukukhangela into awayenokwenza ngayo ibhola enkulwana. Wafumana iphephandaba elidala ecaleni komgqomo wenkunkuma. Wasongela ibhola encinci ebhampayo ngeli phephandaba. Wazama ukuyikhaba. Kodwa iphephandaba lakhululeka kwibhola. “Ndidinga into eza kwenza eli phephandaba lihlale kule bhola incinci ibhampayo,” wacinga njalo.



UZweli wangena ekhitshini. Wafumana isingxobo
seetshipsi zeSimba esasingasetyenziswa mntu.
Wabophelela esi singxobo sajikeleza iphephandaba.
Wazama ukukhaba. Iphephandaba lahlala
alaphuncuka. Kodwa le yayingekho nkulu okwebhola
yomdlalo webhola ekhatywayo.




“Ndingayenza njani ibe nkulwana?” wacinga njalo. Wafumana ibhegi endala kamama wakhe phantsi kwebhedi. Wacela kumama wakhe ukuba ayisebenzise. “Kulungile,” watsho umama wakhe. “Bendiza kuyilahla.” UZweli wayisika waze wayibhjela ibhola yakhe ngayo.



UZweli wangena ekhitshini wafumana isingxobo seplastiki esasingasetyenziswa mntu. Wayibhijela ibhola ngale plastiki wayibopha yaqina. Waza, wafumana umtya omdala. Wawubopha wajikeleza ibhola ukuze ugcine iplastiki ingaphuncuki. Wayijonga ibhola yakhe entsha. Ekugqibeleni, yayinkulu ngokwaneleyo!



UZweli wathatha ibhola yakhe entsha waya phandle.
Wayikhaba wayikhaba ibhola. Wabeka amatye
amakhulu amabini njengeepali. Waziqhelanisa
ukukhaba ibhola ingene phakathi kwamatye
amakhulu.



Emva kweentsukwana ezimbalwa uZweli wahlala ecaleni kwebala lemidlalo wabukela abantwana abadala bedlala umdlalo webhola ekhatywayo. Wayeqhelanise amathuba amaninzi. Omnye wabantwana abadala weza kuye. Wathi, “Ndikubone ukhabela ezipalini phandle kowenu! Ungangena kwiqela lethu!”

Waphakama uZweli wangena ebaleni, wayekulungele ukudlala umdlalo webhola ekhatywayo nabantwana abadala.





Funda 1

Wafumana ntoni uZweli kuqala?

Waqala wafumana ibhola encinci ebhampayo.

Wafumana ntoni elandelayo?

Wafumana iphephandaba elidala.

Yintoni enye awayifumanayo uZweli?

Wafumana isingxobo seSimba, ibhegi endala kamama wakhe, kunye nesingxobo seplastiki.

Kwakutheni ukuze intombazana endala icele uZweli ukuba adlale umdlalo webhola ekhatywayo kunye nabantwana abadala?

- Kuba yambona eziqhelanisa.
- Kuba uZweli wazenzela ibhola waza waziqhelanisa ukudlala umdlalo webhola ekhatywayo.
- UZweli wakhabela ezipalini amanqaku amaninzi xa wayeqhelanisa.
- Yambona eziqhelanisa efaka amanqaku ezipalini.
- Kuba wasebenza nzima ukuze abe ngcono kumdlalo webhola ekhatywayo.



Funda 2

Kwakutheni ukuze ubuso bukaZweli bube shushu?

Wayeneentloni kuba wayiphosa ibhola.

Kwakutheni ukuze uZweli azive eneentloni?

Kuba wayiphosa ibhola yomdlalo webhola ekhatywayo phambi kwabantwana abadala.

Ucinga ukuba wayeziva njani uZweli xa abantwana abadala babemcela ukuba adlale nabo?

Ndicinga ukuba waziva...

Kwakutheni ukuze uZweli asebenze nzima kangaka esenza ibhola yomdlalo okhatywayo?

- Kuba wayefuna ngokwenene ukuziqhelanisa umdlalo webhola ekhatywayo.
- Kuba wayeneentloni kukuphosa ibhola kwaye wayefuna ukuziqhelanisa.
- Kuba wayengayifumani ibhola yomdlalo webhola ekhatywayo ukuze aqhelanise ngayo njengoko wayefuna ukuba ngcono kumdlalo webhola ekhatywayo.
- Kuba wayengafuni kuhlazeka kwakhona.
- Kuba wayezimisele ukuba ngcono kumdlalo webhola ekhatywayo.



IBALI 2

ULI JIE, INTOLI EMANGALISAYO ENETALENTE

Umxholo: Siyaziqhelanisa



Iinkcukacha ngemvelaphi

- Le tekisi libali elingeyonyani.
- Lisekelwe eTshayina.
- Lenzeka kudala.
- Eli bali liya kunceda abafundi bakho baqonde ukuba izakhono ziphucuka ngokuziqhelanisa, nokuba nabani na angaphuhlisa izakhono ezincomekayo ukuba uziqhelanisa ngokwaneleyo.



Indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda: Yenza uhlolo

- Yintoni: Kukuthatha isigqibo sokuba uyalithanda na ibali okanye izigqibo ezithatyathwe ngabalinganiswa.
- Kutheni siyisebenzisa: Ukuthatha ezakho izigqibo nokuqonda ibali ngokunzulu.
- Inceda njani: Inceda ucinge ngomyalezo webali kunye nokukholelwayo ngalo.



Eminye imiba yokwabelana nabafundi bakho

- Eli bali lisekelwe kwintsomi yaseTshayina. Intsomi libali elibaliswe izihlandlo ngezihlandlo ixesha elide. Iintsomi zidla ngokwenzelwa ukusifundisa isifundo.
- Eli bali lingentoli egama linguLi Jie. Intoli ngumntu odubula iintolo esebenzisa isaphetha. Ukudubula ngotolo nesaphetha ngumdlalo ofuna ingqalelo, ulawulo, nokuziqhelanisa.
- Isakhono (njengomdlalo wokudubula ngotolo nesaphetha) yinto ofunda ukuyenza kakuhle. Akukho mntu uzalwa enesakhono esinjengokudubula ngotolo nesaphetha – yinto ephuhliswa kukuziqhelanisa kakhulu kunye nokusebenza nzima.
- Eli bali lisifundisa ukuba yincutshe entweni akukho ngokukhetheka. Koko, kungokuziqhelanisa izihlandlo ngezihlandlo ude ube ngcono.



Ukusebenzisa le ndlela yobuchule:

Iphepha nomhlathi	Funda	Yithi
134, 2	“Akukho mntu ungcono kunam!” wacinga.	Ndenza uhlolo lokuba uLi Jie unekratshi, ucinga ukuba ungcono kunomntu wonke, uhamba enyuse impumlo.
136, 1	Lakuchana embindini wento ekujoliswe kuyo itolo, ababukeli bakhwaza bemqhwabela. ULi Jie waguquka wajonga abalandeli bakhe eza kuvova.	Ndenza uhlolo lokuba uLi Jie uyakuthanda konke ukunconywa akufumanayo, kuba uguquka ajonge abalandeli bakhe bemqhwabela.

Kudaladala eTshayina, kwakuhlala umfo owayesaziwa ngokuba nguLi Jie. Wayesaziwa indawo yonke ngokuba yinkcani yodumo ngotolo lwakhe. Kuyo yonke indawo awayenyathela kuyo esihla ngesitalato, wayekhatshwa yimisebezo yabantu.

“Akekho ongcono kunaye!” ayesebeza atsho amadoda.

“Asizange sakubona ukuchana okunjeya!” basebeze abafazi.



ULi Jie wayekholelwa ukuba uyincutshe. Wayehamba enyusele impumlo phezulu.


“Akukho mntu ungcono kunam!” wacinga.



Ngenye imini wayesaziqhelanisa ukudubula izinto ajolise kuzo kwindawo yokwenza oko. Kwakuqokelelene iqela labantu lize kubukela uLi Jie. Wathi akuphakamisa utolo lwakhe weva imisebezo.

“Akekho ongcono kunaye!” asebeza amadoda.

“Asizange sakubona ukuchana okunje!” basebeza abafazi.



Lakuchana embindini wento ekujoliswe kuyo itolo, ababukeli bakhwaza bemqhwabela. ULi Jie waguquka wajonga abalandeli bakhe eza kuvova. Kodwa wathi esenza njalo waqaphela ixhego elithengisa ioli. Eli xhego lalibukele kodwa lingaqhwabi.



ULi Jie wayekholelwa kwinto yokuba wonke umntu makayibuke into ayenzayo. Wangqala kweli xhego.

“Ndikubonile ubukele kodwa ungaqhwabi. Wakhe wayibona inkcani endodlulayo?” wabuza.

“Hayi andizange ndayibona!” laphendula latsho ixhego.

“Ke kutheni ungandiqhwebeli?” wabuza ngomsindo uLi Jie.



Lathi nqumama umzuzwana ixhego.


Laza laphendula emva koko, “Awuyoncutshe idlulisileyo. Awusosithixo. Unesakhono kuba uyaziqhelanisa rhoqo. Ndiyakubuka ukuzingisa kwakho ngaphezu kokuchana kwakho.”

ULi Jie akazange akukholelwe oko wayekuva. Wayekholelwa ukuba wonke umntu kumele ukuba akubuke oko wayekwenza.

“Yintoni phofu wena okwazi ukuyenza! Sesiphi isakhono onaso le nto ungasibuki esam?” wabuza, enyusa ilizwi lakhe kancinci.



Ixhego alizange lithethe. Endaweni yaloo nto, lathatha ibhotile etafileni yalo layibeka phantsi. Laza lathatha igaga lekopolo lemali lalibeka phezu komngxuma wayo. Ixhego lakhupha ioli kwindebe yalo enkulu, laza layibambela phezulu lathulula lizalisa ibhotile ngomngxunyana omncinane wegaqa lemali



Isihlwele sabukela sikhwankqisiwe. Njengoko yayizala ibhotile uLi Jie weva imisebezo.

“Akekho ongcono kunaye!” asebeza amadoda.

“Zange sakubona ukuchana okulolwa hlobo!” basebeza abafazi.



Kodwa ixhego lalingakholelwa ukuba lingcono.
Alizange lihambe lenyuse impumlo.

“Asiyonto ikhethekileyo le,” latsho. “Ndinesi sakhono
kuba ndiziqhelanisa. Ukuba uthi rhoqo uziqhelanise
ngokuzingisa, ungayinkcani njengam.” Ngalo mazwi
lemka.



ULi Jie wasala ebaleni ecinga nzulu. Isihlwele sasala sisebeza emacaleni.

“Bendicinga ukuba akukho ndoda okanye mfazi unokuba ngcono achane njengam!” wacinga njalo uLi Jie.

“Mhlawumbi ukuba nathi siyaziqhelanisa ukutola singangcono!” asebeza amadoda.

“Mhlawumbi asizange sabona ubuchule bokuchana ngolwa hlobo kuba akukho mntu wakhe wasebenza nzima ngolwa hlobo!” basebeza abafazi.

Ukususela loo mini, abantu baloo ndawo bakuxabisa ukusebenza nzima nokuziqhelanisa ngakumbi kunaso nasiphi isakhono.





Funda 1

Uyincutshe kwintoni uLi Jie?

Uyinkcani ngotolo.

Yintoni eliyixabisileyo ixhego?

Lixabise ukuziqhelanisa ngaphezu kwesakhono.

Kwakutheni ukuze ixhego lingamqhwabeli uLi Jie?

- Kuba lalingacingi ukuba uLi Jie uyincutshe yeqhawe okanye isithixo esithile.
- Kuba laqonda ukuba uLi Jie wayeyinkcani kuba wayeqhelanisa.
- Kuba lalingaboniswa nto kuLi Jie.
- Kuba wonke umntu angayincutshe entweni xa eziqhelanisa.



Funda 2

Liyincutshe entweni ixhego?

Liyincutshe ekugaleleni ioli ngobuchule.


Ungasebenzisa buphi ubugqina xa uhlola imeko uthi uLi Jie ngumntu onekratshi?

Singahlola imeko sitsho kuba:

- Wayekholelwa ukuba wayebalulekile.
- Wayehamba enyuse impumlo.
- Waba nomsindo xa ebona ixhego lingamqhwabeli.
- Wayecinga ukuba ufanele ukubukwa ngumntu wonke.

Kutheni esothuka uLi Jie xa ixhego lingamqhwabeli?

- Kuba wonke umntu usoloko esithi ungoyena ungcono.
- Kuba ukuqhelile ukubukwa ngumntu wonke ngesakhono sakhe sokutola.
- Kuba ucinga ukuba ungoyena ungcono.
- Kuba akakwazi ukuyiqonda into yokuba ixhego lakhe labona umntu ongcono kunaye.



IBALI 3

INCWADI YOKUQALA

KASTACEY

Umxholo: Singababhali



Iinkcukacha ngemvelaphi

- Eli libali elingumxube wenyani nokuqwetyiweyo.
- Lisekelwe eMzantsi Afrika.
- Lenzeka kule mihla.
- Eli bali liya kunceda abafundi bakho bakholwe ukuba nabo bangababhali neengcamango zabo zibalulekile kwaye zikufanele ukwabelana.



Indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda: Fumana uze ukhumbule iinkcukacha

- Yintoni: Kukukhangela nokukhumbula iinkcukacha ezibalulekileyo ezifana nabalinganiswa, indawo kunye neziganeko.
- Kutheni siyisebenzisa: Ukugcina okwenzekileyo nokuqonda ngcono ibali.
- Inceda njani: Ikunceda uthethe ngebali kwaye uqonde nokulandelelana kweziganeko.



Eminye imiba yokwabelana nabafundi bakho

- Umbhali opapashileyo ngumntu obhala iincwadi. Ababhali abapapashileyo bacinga ngeengcamango baze babhale ngazo. Iincwadi zibhalwe ngabantu – nkqu nabantwana bangababhali abapapashileyo.
- Ukupapasha incwadi kuthetha ukuyishicilela ukuze abanye abantu babe nokuyifunda. Ababhali abapapashileyo ngamanye amaxesha baba netheko lokuphehlelela incwadi ukubhiyozela ukuba incwadi yabo ishicilelwe kwaye ilungile.
- Iphupha yinto othemba ukuyizuza. Abantu bangasebenza nzima ukwenza amaphupha abo afezeke. Nkqu nabantu abatsha banganamaphupha amakhulu!
- Ukunxulumana nomxholo wangaphambili: Ukubhala incwadi kuthatha ixesha nokuziqhelanisa. Ababhali bayacwangcisa, babhale, baze bahlele (balungise) umsebenzi wabo. Ababhali badinga ukuzithemba nokuziqeqesha.



Ukusebenzisa le ndlela yobuchule:

Iphepha nomhlathi	Funda	Yithi
151, 3	“Ubhale incwadi?” wabuza utata wakhe, “Ithini?” “Ithi IiKati eziNukayo. Uthi ufuna ukuyipapasha. Ndiyazibuza ukuba kungenzeka na oko?” umama wakhe wazibuza ekhwaza.	Sasisithini isihloko sencwadi kaStacey yokuqala? Ndifunda apha ukuba ithi IiKati eziNukayo.
152, 1	Abazali bakaStacey bayifunda incwadi. Babengaqinisekanga. “Ndiyazibuza ukuba ingaze ipapashwe na?” wabuza utata wakhe. “UStacey usemncinci kakhulu! Angayipapasha njani incwadi umntwana ominyaka isixhenxe?” umama wakhe wazibuza ekhwaza.	Baziva njani abazali bakaStacey ngokupapashwa kwencwadi kaStacey? Ndifunda apha ukuba babengaqinisekanga.

UStacey Fru wazalwa ngonyaka wama2007 eRhawutini eMzantsi Afrika. Eseyimveku, uStacey wayefunqulwa ngabazali bakhe bamfundele incwadi emva kwenye. Babekhomba bambonise imifanekiso emibalabala ashwantshwathe agigitheke.



Xa wayelusana olukhasayo, wayehlala phantsi emgangathweni phambi kwendawo yakhe yokupakisha iincwadi, atsale incwadi emva kwenye.

Wayekuthanda ukutyhilatyhila amaphepha encwadi, ajonge imifanekiso emibalabala. Wayekuthanda ukufunda igama ngalinye.



UStacey wayecinga ukuba iincwadi awayezifunda zibhalwe zaza zazotywa ngabanye abantwana, abafana naye. Wagqiba ukuba ufuna ukufana nabo. Wayefuna ukubhala eyakhe incwadi, ngoko ke wenza njalo.



UStacey wayeneminyaka esixhenxe kuphela mhla unina wangena egumbini lakhe waza uStacey wathi, “Mama, jonga! Liphepha lokugqibela lencwadi yam eli!” watsho eliphakamiseli phezulu. Umama wakhe wayibona imfumba yamaphepha agqityiweyo ebekwe phezu kwedesika yakhe. “Ndifuna ukuyipapasha,” uStacey watsho ezele ukuzithemba, “ukuze abanye abantwana babe nokuyifunda!”




Ngobo busuku abazali bakaStacey bahlala kunye phezu kwebhedi.

“Ubusazi ukuba uStacey ubhale incwadi?” wabuza njalo umama kaStacey.

“Ubhale incwadi?” wabuza utata wakhe, “Ithini?”

“Ithi IiKati eziNukayo. Uthi ufuna ukuyipapasha. Ndiyazibuza ukuba kungenzeka na oko?” umama wakhe wazibuza ekhwaza.



Abazali bakaStacey bayifunda incwadi.
Babengaqinisekanga.

“Ndiyazibuza ukuba ingaze ipapashwe na?” wabuza
utata wakhe.

“UStacey usemncinci kakhulu! Angayipapasha njani
incwadi umntwana ominyaka isixhenxe?” umama
wakhe wazibuza ekhwaza.



Kodwa ke, babefuna ukumnceda uStacey afezekise amaphupha akhe.

Umama kaStacey wawudlulisela kumhleli ohlawulwayo loo msebenzi kaStacey.

Umhleli wafunda igama ngalinye likaIiKati eziNukayo.

“Ndicinga ukuba oku kungapapashwa!” watsho.

Bakhazimla ubuso bukaStacey ezele kukuziqhayisa.



Yathi yakupapashwa incwadi yakhe enguIiKati eziNukayo, uStacey walungiselela ukwaziswa kwayo ngokusesikweni, ukuze axelele abanye abantwana nabazali konke ngencwadi yakhe.

“Le ncwadi ndiyibhale ngokwam,” uStacey waxelela ababezimasile.

“Ndicinga ukuba kubalulekile ukuba uninzi lwabantwana - ingakumbi abaseAfrika - sizivakalise ngokubhala!”





Ingqalelo eyafunyanwa yincwadi IiKati eziNukayo (Smelly Cats ngesiNgesi) yadlulela ngaphaya kokwaziswa ngokusesikweni kwencwadi. Le ncwadi yavunywa liSebe lezeMfundo eSisiseko yeli loMzantsi Afrika, ekwakuthetha ukuba abantwana bavumelekile ukuyifunda esikolweni! Ngomnyaka wama2015 uStacey waphumelela imbasa – ebizwa ngokuba yiBest Early Childhood Development Publication. Abazali bakhe babukela ngokuziqhayisa xa uStacey wayekhwela eqongeni esiya kwamkela imbasa.

“Uyakwazi ukuziqeqesha ke khona!” watsho umama wakhe.

“Sasingafanele kumthandabuza!” watsho utata wakhe.

“Singaze siphinde sizithandabuze iimbono zakhe!” wavuma umama wakhe.

Abazali bakaStacey babebobotheka kukuziqhayisa.

Emva kokubhala IiKati eziNukayo, uStacey uye waqhuba ebhala iincwadi zabantwana abafana naye. Kodwa ke umsebenzi wakhe udlula ngaphaya kokubhala. UStacey ungumthandi wesizwe. Uqale umbutho wakhe wesisa, osebenza unikeza ngesisa iincwadi, iikhompyutha, impahla kunye nokutya kwabo bangathathi ntweni.



UStacey uye wasebenzisa impumelelo yakhe ukuba
abe ngumkhuthazi nomndululi wotshintsho. Kule
ndima, wenza iintetho athemba ukuba zifundisa
zikhwakhuthaza abantwana, njengaye.



Kwintetho yakhe yokuqala, uStacey wakhuthaza amakhulukhulu abafundi beMatriki.

“Ngekhe wamncinci okanye wamdala ukuba ungaliphila iphupha lakho!” watsho.





Funda 1

Sasisithini isihloko sencwadi kaStacey?

Isihloko sencwadi yakhe sithi IiKati eziNukayo / Smelly Cats.

Wayeneminyaka emingaphi uStacey ukubhala kwakhe incwadi yakhe yokuqala?

Wayeneminyaka esixhenxe kuphela.

Kwakutheni ze abazali bakaStacey bathandabuze?

- Kuba babengazi ukuba uStacey wayengekho mncinci na ukuba angabhala incwadi.
- Kuba babengazi ukuba incwadi yakhe ingapapashwa.
- Mhlawumbi babengazi ukuba incwadi yakhe yayikulungele ngokwaneleyo ukupapashwa.



Funda 2

Baziva njani abazali bakaStacey xa wayeqala ukufuna ukuba incwadi yakhe ipapashwe?

- Baziva benokuthandabuza.
- Baziva bengaqinisekanga nokuba wayengekho mncinci na ukuba angapapasha incwadi.
- Babengazi ukuba incwadi yakhe ingapapashwa.

Yintoni eyayibenza abazali bakaStacey bazale ukuziqhayisa?

- Kuba wayephumelele imbasa.
- Kuba wayepapashe incwadi.
- Kuba wayengumntwana okwaziyo ukuziqeqesha.

Kwakutheni ukuze uStacey athi kubafundi bebanga leMatriki, “Ngekhe wamncinci okanye wamdala ukuba ungaliphila iphupha lakho”?

- Kuba wayefuna ukubakhuthaza baphile amaphupha abo.
- Kuba wenza iintetho afundise ekwakhuthaza abanye abantwana abafana naye.
- Kuba wayemncinci kakhulu ukuba angafezekisa iphupha lakhe.
- Into yokuba uStacey epapashe incwadi eneminyaka esixhenxe bubungqina bokuba ngekhe wamncinci ukuba ungaliphila amaphupha akho. UStacey ufuna bonke abantwana bakwazi oko!

IBALI 4

ABABHALI BOKUQALA BEHLABATHI

Umxholo: Singababhali



Iinkcukacha ngemvelaphi

- Eli libali elingumxube wenyani nokuqwetyiweyo.
- Lisekelwe eIraq.
- Lenzeka kudala.
- Eli bali liya kunceda abafundi bakho baqonde ukuba ukubhala lusungulo lwabantu olubalulekileyo kwaye ababhali banceda ukurekhoda iingcamango, amabali, kunye nolwazi besenzela abanye.



Indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda: Qwalasela ukuqonda

- Yintoni: Ukujonga indlela oqonda ngayo njengoko ufunda, unqumama xa kukho nto ongayiqondiyo.
- Kutheni siyisebenzisa: Ukuqaphela xa ungaqondi, ulungise.
- Inceda njani: Ikugcina uxakekile kwaye iphuhlisa ukuqonda nokuqonda ngokuthi ilungise oko ungakuqondiyo ngoko nangoko.



Eminye imiba yokwabelana nabafundi bakho

- Yintoni ukubhala, ngenene? Yindlela yokurekhoda iingcamango usebenzisa oonobumba neempawu. Sisebenzisa ukubhala ukubalisa amabali, ukuthumela imiyalezo, kunye nokukhumbula ulwazi. Ukubhala luhlobo lwetekhnoloji (isixhobo esaveliswa ngabantu ukubanceda).
- Eli bali liqhubeka kwiminyaka engaphaya kwama5, 000 eyadlulayo, kudaladala – kwixesha esilibiza ngokuba “kusendulo”. Mandulo, abantu babengekabi nazincwadi, iikhompyutha, nkqu nephepha. Ialfabhethi yayingekasungulwa! Kungenxa yoko abantu babebhala kwiithabhulethi zodongwe besebenzisa imifanekiso neempawu.
- Imibhalo yakudala yayisebenzisa imifanekiso ukumela izinto. Ekuhambeni kwexesha, imifanekiso yaba ziimpawu. Ialfabhethi yethu namhlanje yaphuhliswa ukusuka kwiinkqubo zamandulo zokubhala.
- Xa abantu beqala ukuhlala kunye ezixekweni, babedinga indlela yokulandelela baze bakhumbule izinto. Kungelo xesha ukubhalwa kwasungulwayo. Ukubhala kwabanceda ukukhumbula baze babelane ngolwazi.



Ukusebenzisa le ndlela yobuchule:

Iphepha nomhlathi	Funda	Yithi
167, 1	Emva koko, ithabhulethi yodongwe yayiza koma elangeni. Xa zomile ziqinile, iithabhulethi zazigcinwa njengobungqina obunokufundwa iintsuku, iiveki okanye iminyaka ezayo.	Makhe ndime ndicinge. Babhala kudongwe, baze baluyeke lome ukuze balugcine ixesha elide. Makhe ndijonge ukuba ndiyaqonda: Babhala kudongwe olumanzi. Kufuneka baluyeke lome elangeni ukuze balugcine njengengxelo. Oko kubonakala kuntsonkothile kunokusebenzisa iphepha nosiba. Ndiyazibuza kutheni babengasebenzisi iphepha endaweni yoku?
169, 2	Ngoko ke, umfanekiso womthi werhasi wawuba luphawu lwerhasi olulula ukuzotywa. Olu phawu kwaqheleka ukuqondwa kwalo njengoluthetha irhasi, noxa lwalungasabonakali njengomzobo womthi werhasi.	Makhe ndime ndicinge. Ukuqala kwabo ukubhala, bazoba imifanekiso. Kodwa emva kwexesha, imizobo yaya isiba lula kwaye kwakhawuleza ukuzoba. Ndiyazibuza ingaba kutheni. Makhe ndijonge ukuze ndiqonde: Emva kwexesha, imizobo eneenkcukacha yatshintsha yalula – ikhangeleka ingeyiyo ncam into eyayibhekisele kuyo.

Abantu bavelise iindidi ezahlukileyo zetekhnoloji. Sivelise iimoto, iikhompyutha neeselfowuni. Sivelise oonomathotholo, iirobhothi nezikhenkcezisi. Kodwa enye yezinto ezinika umdla kakhulu kwitekhnoloji yabantu yinto ekhangeleka lula: ukubhala.




Abantu baqala ukubhala kwiminyaka engama5000 eyadlulayo. Enye yeendawo apho ukubhala kwaqala khona ibizwa ngokuba yiSumer. ISumer ikwindawo eyaziwa kule mihla njengokuba yi-Iraq kule mihla. ISumer yindawo yokuqala kwihlabathi apho abantu baqala bahlala ezixekweni khona. Ukuba nabantu abaninzi ngolo hlobo endaweni enye kwatshintsha indlela ababephila ngayo abantu.



Abantu baseSumer bakha iitempile ngaphakathi kweendonga zesixeko ukuze banqule izithixo zabo. Kodwa iitempile zazingasetyenziselwa kuphela ukunqula. Iitempile zazigcina izinto ezahlukileyo. Ababhali beetempile benza inkqubo yokugcina izinto ezikhoyo kwiitempile zabo – ukuze bangazilibali. Kwaqala njalo ke ukubhala.




Yiba nomfanekiso ekupheleni kwexesha lesivuno, ababingeleli babefuna ukugcina iingobozi ezili10 zerhasi kuvimba wetempile. Umbhali wayezoba umfanekiso omncinci werhasi, aze abeke iimpawu ezilingana nenani elo kwithabhulethi yodongwe.



Emva koko, ithabhulethi yodongwe yayiza koma elangeni. Xa zomile ziqinile, iithabhulethi zazigcinwa njengobungqina obunokufundwa iintsuku, iiveki okanye iminyaka ezayo.




Iinkqubo zokuqala zokubhala zazohlukile koonobumba bethu. Zazenziwe ngemifanekiso emincinane ebonisa izinto ezahlukileyo.



Kodwa, ngokuhamba kwamaxesha, ngokuya kusiziswa izinto ezininzi etempileni, imifanekiso yaguquka yaziimpawu. Njengoko kwakugcinwa izinto ngezinto kwitempile yesixeko, ababhali kwakufuneka bebhale ngokukhawuleza. Babengenalo ixesha lokuzoba ngocoselelo imifanekiso yerhasi nezinye izinto.

Ngoko ke, umfanekiso womthi werhasi wawuba luphawu lwerhasi olulula ukuzotywa. Olu phawu kwaqheleka ukuqondwa kwalo njengoluthetha irhasi, noxa lwalungasabonakali njengomzobo womthi werhasi.



Ababingeleli nababhali babefuna ukwazi izinto ababenazo zizonke, ingeziso ezo zazigcinwe kwiitempile zabo kuphela. Ngoko ke ababhali beetempile zonke zaseSumer kwafuneka ukuba bahlangane ukuze bavumelane ngeempawu emazisetiyenziselwe izinto ezithile ngumntu wonke. Le ndlela yokubhala ngoku ibizwa ngokuba yiCuneiform.



Le nkqubo ikwafana nale yenzeka kwiindawo zeenkubeko ezahlukileyo kwihlabathi liphela – eYiputha, ePeru, naseTshayina. Ubhalo lwethu lwale mihla lusekwe kwezi ndlela zokubhala zahlukileyo zakudala.



Ngokufunyanwa kokubhala, abantu bakwazi ukugcina iingcamango kunye namabali. Sakwazi ukwakha amashishini nobutyebi. Sakwazi ukuthumela imiyalezo kwiindawo ezikude. Ukusungulwa kokubhala kwatshintsha izinto ezinokwenziwa ngabantu unaphakade.





Funda 1

Kwasungulwa phi ukubhala kokuqala?

ESumer, kwindawo namhlanje ebizwa ngokuba yi-Iraq.

Babebhala entweni abantu baseSumer?

Babebhala kudongwe.

Kwakutheni ze kuqale kusungulwe ukubhala?

- Kuba izinto zazigcinwa etempileni, ngoko ke abantu abahlala khona babefuna indlela yokukhumbula izinto ezazigciniwe.
- Kuba ababhali nababingeleli babefuna ukwazi ukuba zazingaphi izinto ababenazo xa zidityanisiwe.



Funda 2

Kwaqalwa kudala kangakanani ukubhalwa?

Ukubhala kwaqalwa malunga neminyaka engama5 000 eyadlulayo.

Kwaqalwa ndawoni eSumer ukubhala?

Kwaqalwa ezitempileni.

Kwakutheni ukuze indlela yokubhala itshintshe ngokuhamba kwamaxesha?

- Kuba kwakuthatha ixesha elide ukuzoba imifanekiso kwaye ababhali kwakufuneka bekhawulezisile ukubhala.
- Kwatshintsha ukubhala njengoko kwakuziswa izinto ezininzi etempileni. Ababhali kwakufuneka bekhawulezise ngakumbi xa bebhala.
- Ababhali beetempile ezahlukeyo kwakufuneka bakwazi ukufunda imibhalo omnye yomnye, ngoko ke badibana benza iimpawu ezaziza kusetyenziswa ngabo bonke!



IBALI 5

UKHAYA WENZA UMHLOBO OMTSHA

Umxholo: Sinovelwano



**Iinkcukacha
ngemvelaphi**

- Eli libali elingeyonyani.
- Lisekelwe eMzantsi Afrika.
- Lenzeka kule mihla.
- Eli bali liya kunceda abafundi baqonde bakho ukuba uvelwano luthetha ukukhathala ngendlela abanye abantu abaziva ngayo kunye nokubabandakanya xa sidlala.



**Indlela yobuchule bengqiqo
nokuqonda: Yenza
unxulumaniso**

- Yintoni: Kukucinga indlela ibali elinxulumana ngayo nobomi bakho, ezinye iincwadi okanye ihlabathi.
- Kutheni siyisebenzisa: Ukuqonda nokulandela ngcono ibali ngokulinxulumanisa nezinto osele uzazi.
- Inceda njani: Yenza ibali libe nentsingiselo kwaye kube lula ukulikhumbula.



**Eminye imiba
yokwabelana nabafundi
bakho**

- Uvelwano luthetha ukuqaphela xa umntu othile eziva elilolo, ekhathazekile, okanye engahoywanga. Luthetha ukukhathala ngeemvakalelo zabo kunye nokukhetha ukunceda okanye ukubabandakanya.
- Singenza izigqibo ezibonakalisa ububele xa sicingela ukuba singaziva njani kwimeko yomnye umntu (ngokuzifaka ezihlangwini zomnye umntu). Ukukhumbula amaxesha apho sasiziva singamalolo okanye sinexhala kungasanceda senze ngovelwano.
- Abahlobo basoloko behlala kunye ngexesha lesidlo kwaye badlale kunye. Abafundi abatsha okanye abaneentloni bangaziva benexhala ukucela ukuba yinxalenye, ingakumbi xa abanye sebe nabahlobo. Ukubandakanya umntu, ngokummema ahlale okanye adlale, kungenza umahluko omkhulu.
- Akukho mntu unokusinyanzela ukuba sibe nobubele. Ububele kukuzikhethela.



Ukusebenzisa le ndlela yobuchule:

Iphepha nomhlathi	Funda	Yithi
182, 1	Kodwa njengoko uKhaya wayengqengqe ebhedini ngobo busuku, wacinga ngexesha awayeqala isikolo, phambi kokuba azi uBonga noBantu. Wacinga ngezo veki zimbalwa, xa wayehlala yedwa ngexesha lekhefu, enethemba lokuba mntu uthile wofuna ukuhlala naye. “Mhlawumbi akunyanzelekanga,” wacinga uKhaya, “kodwa ndiyafuna.”	UKhaya ucinga indlela awayeziva elilolo ngayo ngexesha wayengenabahlobo bokuhlala naye ngexesha lekhefu. Oko kumenza enze unxulumaniso noThomas. Uyaqonda ukuba uThomas ufanele ukuba uziva elilolo, kanye ngendlela awayeziva ngayo naye. Uyayazi indlela ekhathaza ngayo loo meko. Ndicinga ukuba oko kuko okunceda uKhaya athathe isigqibo sokuba nobubele.
184, 3	“Ewe, wena. Uyafuna ukuza kuhlala nathi?” waphendula uKhaya. Ubuso bukaThomas bazala uncumo. “Kulungile,” watsho.	Ndingenza unxulumaniso. Kukho ixesha, endanikezela ngendawo yam yokuhlala ebhasini ndinika umama osele emdala owayemi ngeenyawo. Ndandiyifuna indawo yam yokuhlala kuba lwalulude olo hambo, kodwa ndandisazi ukuba yena uyidinga ngaphezu kwam. Wayekhangeleka onwabe ngeyona ndlela xa ndimnika indawo yam yokuhlala. Ndaziva ndizele ukuziqhayisa ngokukhetha ukubonisa ububele ndivise omnye umntu kamnandi. Ndicinga ukuba uKhaya uzele ukuziqhayisa naye.

UKhaya wayesenza yonke into kunye noBonga.
Babehlala phantsi komthi othile yonke imihla xa
besitya isidlo sabo sasemini. Babesoloko bekhaba
ibhola kunye kwindawo enye ebaleni.



Ngenye imini ukukhala kwentsimbi ngexesha lekhefu, uMnumzana Ngoma wabiza uKhaya ukuba ashiyeke. uKhaya wajonga kuBonga noBantu. Bajonga kuye nabo. “Ndiza kudibana nani phandle,” watsho uKhaya.



“Khaya, ndikubizele ukuba ndithethe nawe malunga nomnye wabafundi abalapha eklasini,” watsho uMnumzana Ngoma. “Ndiye ndaqaphela ukuba uThomas ungumntwana oneentloni. Ndiyambona ukuba usoloko ehleli yedwa ngexesha lekhefu. Bendingwenela ukuba umenze inxalenye yabahlobo bakho.”

UKhaya akazanga ayazi into amakayithethe. Wayefuna ukuxelela uMnumzana Ngoma ukuba uThomas wayethule kwaye enesimo esingaqhelekanga, kwaye abahlobo bakhe babengafuni ukudlala noThomas. Kodwa uKhaya wathula akathetha.



Akufika phandle uKhaya, uBonga noBantu babesebehleli kwindawo yabo yesiqhelo.

“Usengxakini?” wabuza uBantu.

“Hayi – uMnumzana Ngoma uchole ipensile yam phantsi,” waphosisa watsho uKhaya. Wayengafuni ukubaxelela into eyayithethwe nguMnumzana Ngoma. Wayefuna ukuqala ayicingisise phambi kokuba ayithethe.



Ngobo busuku uKhaya wakhala kumama wakhe.
“Yho! UMnumzana Ngoma undicele ukuba ndibe ngumhlobo wala nkwenkwe inesimo esingaqhelekanga inguThomas,” wambombozela watsho uKhaya.
“Akanabahlobo kwaye akathethi namntu. Andazi ukuba kutheni esithi mandidlale naye.”

Umama kaKhaya wamjonga ngendlela ecingisisayo.
“Uyabona ke, awunyanzelekanga ukwenza oko. UMnumzana Ngoma ebekucela nje. Ayikho into anokuyenza uMnumzana Ngoma ukuba awufuni,” watsho umama wakhe ngokugxininisa.

Oko kwamenza uKhaya waziva ngcono.
“Andinyanzelekanga ukuba ndidlale nala mntwana unesimo esingaqhelekanga,” wacinga njalo.



Kodwa njengoko uKhaya wayengqengqe ebhedini ngobo busuku, wacinga ngexesha awayeqala isikolo, phambi kokuba azi uBonga noBantu. Wacinga ngezo veki zimbalwa, xa wayehlala yedwa ngexesha lekhefu, enethemba lokuba mntu uthile wofuna ukuhlala naye. “Mhlawumbi akunyanzelekanga,” wacinga uKhaya, “kodwa ndiyafuna.”



Ngosuku olulandelayo, uKhaya wahlala noBantu kunye noBonga. Waqwalasela uThomas ehleli yedwa. “Ndicinga ukuba masiye kukhangela ukuba uThomas akafuni na ukuhlala nathi,” watsho uKhaya.

“Uyaziva, uThomas? Kutheni ufuna ukumfaka kuthi?” wabuza uBantu.

“Ewe, akabonakali njengomntu onika umdla nowonwabisayo!” watsho uBonga.

“Ndicinga ukuba ulungile,” watsho uKhaya. “Kwaye ndiyamsizela. Akukho nomnye apha kuthi onqwenela ukuhlala yedwa ngexesha lekhefu. Kwaye, ukuba sinomhlobo wesine, singadlala amaqela.”

“Kulungile,” uBantu noBonga bavumelana naye.



UKhaya waya kuThomas. “Mfondini! Awufuni kuza kuhlala nathi?”

UThomas wabhekabheka. “Mna?” wabuza.

“Ewe, wena. Uyafuna ukuza kuhlala nathi?”
waphendula uKhaya.

Ubuso bukaThomas bazala uncumo. “Kulungile,”
watsho.



Akugqiba ukutya la makhwenkwe abeka amatye amakhulu ukwenza iipali zokufaka amanqaku. Adlala isibini kwisibini. “Lo ibe ngowona mdlalo mnandi sakha sawudlala!” watsho uBantu.

“Uze udlale nathi kwakhona ngomso!” uBonga watsho kuThomas.



“Ndiyaziqhayisa ngawe, Khaya,” watsho uMnumzana Ngoma, ekupheleni kwemini. Njengoko uKhaya wayephuma, waziva enokuziqhayisa naye.





Funda 1

Ngubani utitshala kaKhaya?

Utitshala wakhe nguMnumzana Ngoma.

Wacelwa ukuba enze ntoni uKhaya nguMnumzana Ngoma?

Wamcela ukuba enze uThomas inxalenye yabo ngexesha lekhefu.

Wayeqhele ukuhlala nabani uThomas ngexesha lekhefu?

Wayeqhele ukuhlala yedwa.

Kwakutheni ukuze uMnumzana Ngoma aziqhayise ngoKhaya?

- Kuba uKhaya wathatha isigqibo sokucela uThomas ukuba ahlale naye kunye nabahlobo bakhe.
- Kuba uKhaya wenza okulungileyo. Wayenganyanzelekanga!
- Kuba uKhaya wenza uThomas wayinxalenye yabo.
- Kuba uKhaya wenza oko wayekucelwe nguMnumzana Ngoma.



Funda 2

Kwamthatha ixesha elingakanani uKhaya ukuthatha isigqibo sokuba enze uThomas inxalenye yabo?

Kwamthatha ubusuku obunye.

Waziva njani uThomas akucelwa okokuqala ukuba adlale?

Wothuka / wayonwabile.

Ekuqaleni, uKhaya akafunanga ukwenza uThomas inxalenye yabo. Ungenza unxulumaniso? Wakhe wafuna ukungazidibanisi nomntu othile? Ngoba?

Impendulo eyeyomfundi.

Kwakutheni ukuze uKhaya athathe isigqibo sokwenza uThomas inxalenye yabo?

- Kuba wacinga indlela ekuyiyo ukuhlala wedwa ngexesha lekhefu.
- Kuba waqonda ukuba ngokuya wayehlala yedwa, wayenqwenela ukuba kubekho umntu ofuna ukuhlala naye.
- Kuba waqonda ukuba eso yayisisenzo sobulungisa novelwano awayenokuyenza.



IBALI 6

ISANGWEJI

EYONGEZIWEYO

Umxholo: Sinovelwano



Iinkcukacha ngemvelaphi

- Eli libali elingeyonyani.
- Lisekelwe eMzantsi Afrika.
- Lenzeka kule mihla.
- Eli bali liyakunceda abafundi bakho baqonde ukuba uvelwano lungathetha ukunceda abanye abanezidingo nokuba oko kufuna uncame okuthile.



Indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda: Yenza uhlolo

- Yintoni: Kukuthatha isigqibo sokuba uyalithanda na ibali okanye izigqibo ezithatyathwe ngabalinganiswa.
- Kutheni siyisebenzisa: Ukuthatha ezakho izigqibo nokuqonda ibali ngokunzulu.
- Inceda njani: Inceda ucinge ngomyalezo webali kunye nokukholelwayo ngalo.



Eminye imiba yokwabelana nabafundi bakho

- Uvelwano luthetha ukuqaphela xa umntu etsala nzima okanye edinga into. Luthetha ukukhathala ngendlela abaziva ngayo kunye nokukhetha ukunceda, nkqu nokuba akukho lula.
- Abahlobo bayaxhasana ngamaxesha anzima. Izenzo ezincinci zobubele, njengokwabelana ngokutya, zingenza umahluko omkhulu. Ukunceda abanye kungasenza sizive sonwabile kwaye sizingca.
- Isithembiso kuxa usithi uza kwenza into uze wenze ngokwelizwi lakho. UThemba wathembisa ukuba akazokuxelela mntu ngokungabi nakutya kukaLihle. Nangona kwakunokuba lula ukucacisa yonke into kumama wakhe, wakhetha ukuhlonipha iminqweno yomhlobo wakhe waze wagcina isithembiso sakhe.
- Uvelwano alusoloko lulula. Ngamanye amaxesha ukuba nobubele kuthetha ukuncama into esiifunayo. Kusenokufuneka sabelane, silinde, okanye singafumani into esiifunayo.



Ukusebenzisa le ndlela yobuchule:

Iphepha nomhlathi	Funda	Yithi
191, 4	UThemba waqhekeza isangweji yakhe kubini waza wanika uLihle isiqingatha sayo. “Soze - ndiyathembisa,” watsho.	Xa sibonisa uvelwano, sizifaka ezihlangwini zomnye umntu. Sibaphatha ngendlela esinqwenela ukuphathwa ngayo. Ndenza uhlolo lokuba uThemba ngumntu onovelwano, kuba uzithathela isigqibo sokwabelana ngokutya kwakhe kunye nomhlobo – akadingi kucelwa.
194, 2	“Ndongeze enye isangweji kwakhona?” wabuza umama wakhe efuna ukwazi. “E...e, kukho ezemidlalo namhlanje ngoko ke ndidinga ukutya okuthe chatha,” waphosisa watsho.	UThemba uphosisa kancinci ukugcina isithembiso sakhe kumhlobo wakhe. Ndenza uhlolo lokuba uzama ukuba ngumhlobo olungileyo. Obu bubungqina obuthe chatha bokuba uThemba unobubele novelwano – wenza iqhinga elingekhoyo ukuze afumane ukongezelwa isangweji, ukuze angasophuli isithembiso kumhlobo wakhe.

Ngomnye uMvulo, uThemba wakhupha isonka sakhe esiqatyiweyo kwibhegi yakhe. Sasifakwe inyama yenkukhu nemayoneyizi – ezona wayezithanda. Waluma phambi kokuqaphela ukuba uLihle wayengatyi.

“Siphi esakho isidlo sasemini?” uThemba wabuza kuLihle.

“Andinakutya namhlanje,” watsho uLihle. “Umama wam ufumene ingozi ngoku usesibhedlele. Akukho sonka ekhaya. Kodwa uze ungaxeleli mntu.”

UThemba waqhekeza isangweji yakhe kubini waza wanika uLihle isiqingatha sayo.

“Soze – ndiyathembisa,” watsho.



Kusasa ngoLwesibini, uThemba wangena ekhitshini kowabo.

“Mama ndiyacela, ungandenzela izonka eziqatyiweyo zibe zibini zesidlo sasemini namhlanje?” watsho ngelizwi elimnandi.

“Ezibini? Ngokuba kutheni?” wabuza umama wakhe.

“Ndi... ndilambe kakhulu namhlanje!” watsho evakala enyanisekile.

“Mhlawumbi uyakhula?” wacinga njalo umama kaThemba, njengoko wayefaka isonka esiqatyiweyo sesibini kwibhegi yakhe yesidlo sasemini.



Ngexesha lekhefu, uThemba wakhupha izonka eziqatyiweyo ezibini ebhegini yakhe waza wanika uLihle esinye.

“Sesam?” wabuza uLihle ebonakala othukile.

“Ndiza kuphathela ukutya de umama wakho abuye,” uThemba watsho, “ungakhathazeki.”



NgoLwesithathu phambi kokuya esikolweni, uThemba wanyubeleza wangena ekhitshini kuselithuba wenzela uLihle isonka esiqatyiweyo. Wayengafuni ukuba umama wakhe ambuze kwakhona ngesonka esiqatyiweyo asongezayo. Ngelishwa umama wakhe wangena kanye xa aqaba ibhotolo yamandongomane esonkeni.

“Ndongeze enye isangweji kwakhona?” wabuza umama wakhe efuna ukwazi.

“E...e, kukho ezemidlalo namhlanje ngoko ke ndidinga ukutya okuthe chatha,” waphosisa watsho.



Ngexesha lekhefu, uThemba wakhupha izonka ezibini ebhegini yakhe – esinemicwe yenyama yehagu nesonka samasi esenziwe ngumama wakhe kunye nesiqatywe ibhotolo yamandongomane esenziwe nguye. “Ufuna esiphi?” wabuza kumhlobo wakhe.

“Ndingasithatha esi sinemicwe yenyama yehagu nesonka samasi?” wabuza uLihle.

“Ngokuqinisekileyo!” waphendula ngobubele uThemba, noxa wayesifunela yena eso sonka sinemicwe yenyama yehagu nesonka samasi.



Kusasa ngoLwesine, uThemba wathatha ixesha elide ngabom ukuhlamba anxibe ukuze angabi naxesha lokutya isidlo sakusasa.

“Themba! Ushiye lixesha!” wakhwaza watsho umama wakhe.

“Ndiyaxolisa mama,” waphendula njalo. “Ndincede undenzele isangweji njengesidlo sakusasa!”

Endleleni eya esikolweni, wasifaka isonka sakhe sesibini ebhegini yokutya. Wacinga ukuba noko angakwazi ukuchitha usuku engakhange asifumane isidlo sakusasa.



Ngexesha lesidlo sasemini, isisu sikaThemba sasixuxuzela, kodwa wasidlulisa ngovuyo isonka sesibini kumhlobo wakhe.



Ngokuhlwa ngaloo mini, njengoko uThemba wayedlala phandle phambi kwesidlo sangokuhlwa, umama wakhe wafumana umnxeba.

“Ndingumama kaLihle,” latsho ilizwi efowunini. “ULihle undixelele ukuba umthumelele isidlo sasemini le veki yonke bendilele esibhedlele. Ndiyabulela kakhulu ngokumnakekela,” watsho.

Umama kaThemba wancumela ecaleni. Ekugqibeleni wawuqonda umcimbi wesonka esongezwayo.



Umama kaThemba wamkhwaza. “Themba, ndifuna ukuthetha nawe, yiza hlala phantsi,” watsho umama wakhe.

“Yho! Uza kundingxolisela ukutya kakhulu!” wacinga njalo.

“Ndiyazi ukuba kutheni ubucela ukongezelwa isidlo sakho sasemini,” wancuma umama wakhe, “kodwa kutheni ungakhange uvele undichazele?”


“Inje le nto mama, ndimthembisile uLihle ukuba andisoze ndixelele mntu ukuba akukho kutya kowabo,” watsho uThemba.

“Intle kakhulu into oyenzileyo,” Themba. “Ndiyazingca ngawe.”



Ngosuku olulandelayo ngexesha lesidlo sasemini,
uLihle wakhupha ilollipop ebhegini yakhe yokutya.

“Le yeyakho, ivela kum nomama wam,” watsho uLihle.



Njengoko uThemba wayemunca ilollipop yakhe,
wacinga ngendlela ekumnandi ngayo ukunceda
umhlobo.





Funda 1

Sisonka esiqatywe ntoni esona sithandwa nguThemba?

UThemba uthanda isonka esinenyama yenkukhu nemayoneyizi.

Waphathela bani esinye isonka esiqatyiweyo uThemba?

Weza nesonka asongezele umhlobo wakhe uLihle.

Kwakutheni ukuze uThemba angamxeleli umama wakhe ukuba isonka asongezileyo sesikaLihle?

- Kuba wathembisa umhlobo wakhe ukuba akayi kuxelela mntu.
- Kuba wayengafuni ukophula isithembiso sakhe kuLihle.
- Kuba wayefuna ukuba ngumhlobo olungileyo.
- Kuba ungumhlobo onovelwano / onobuntu / ocingela omnye.



Funda 2

Yintoni le kwakufuneka engayithethanga mntwini uThemba?

Wayengafanelanga kuxelela mntu ukuba uLihle akanakutya ekhaya.

Cacisa ixesha owakhe wabonisa uvelwano ngalo kumhlobo, njengoThemba.

Ndabonisa uvelwano kumhlobo xa ndi...

Wabonisa uvelwano njani uThemba kumhlobo wakhe?

- Wamphathela into etyiwayo yonke imihla ngelixa umama wakhe wayegula esesibhedlele.
- Wagcina ihlebo lomhlobo wakhe.
- Waphosisa efuna ukufumana ukutya okuthe chatha, kuba efuna ukugcina ihlebo lomhlobo wakhe.
- Wanika umhlobo wakhe isonka esiqatyiweyo esasifunwa nguye buqu.
- Wancama isidlo sakhe sakusasa ukuze umhlobo wakhe abe nento yokutya ngexesha lesidlo sasemini.

IBALI 7

IPHIKO LAMANZI

ELIMANGALISAYO

LIKAWILLIAM

Umxholo: Siziinjineli



Tinkcukacha ngemvelaphi

- Eli libali elingumxube wenyani nokuqwetyiweyo.
- Lisekelwe eMalawi.
- Lenzeka kwixesha eselidlule kutshanje.
- Eli bali liya kunceda abafundi bakho baqonde indlela iinjineli ezinokusebenzisa ubugcisa, iimpahla, kunye nokusombulula iingxaki ukwenza ubomi babantu bube ngcono kwaye basombulule iingxaki zobomi bokwenene.



Indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda: Yenza uhlolo

- Yintoni: Kukuthatha isigqibo sokuba uyalithanda na ibali okanye izigqibo ezithatyathwe ngabalinganiswa.
- Kutheni siyisebenzisa: Ukuthatha ezakho izigqibo nokuqonda ibali ngokunzulu.
- Inceda njani: Inceda ucinge ngomyalezo webali kunye nokukholelwayo ngalo.



Eminye imiba yokwabelana nabafundi bakho

- Iinjineli zikhangela iingxaki kwihlabathi elizingqongileyo zize zicinge ngeendlela zobugcisa zokuzilungisa. Ziyila ze zakhe izinto ezinceda abantu.
- Iinjineli azisoloko zisebenzisa izinto ezintsha okanye iimpahla ezibiza imali eninzi. Ngamanye amaxesha zijika izinto ezindala okanye ezilahliweyo zibe yinto entsha kwaye eluncedo. Olo hlobo lobugcisa luyinxalenye yobunjineli.
- Iphiko lamanzi lijikeleza xa umoya uvuthuza. Le ntshukumo ingasetyenziselwa ukudala umbane okanye ukumpompa amanzi ukusuka emhlabeni. EMzantsi Afrika, amaphiko amanzi asoloko esetyenziswa ezifama ukumpompa amanzi.
- Ukuzama iingcamango ezintsha kungathatha isibindi nokuzimisela. Xa abantu bezama into entsha, abanye basenokubahleka okanye bakholelwe ekubeni ayizokusebenza. Iinjineli kufuneka zisoloko zizama nokuba izinto zinzima.
- Izinto ezintsha ezisungulweyo ezintle azincedi umntu omnye kuphela. Zingaphucula ubomi babantu ngokusombulula iingxaki ezinjengokunqongophala kwamanzi okanye kombane.




Ukusebenzisa le ndlela yobuchule:

Iphepha nomhlathi	Funda	Yithi
208, 1	Ngexesha angenzi nto ngalo, uWilliam wayethanda ukuya kwithala leencwadi aze afunde.	UWilliam akazange akwazi ukuya esikolweni kodwa waya kwithala leencwadi waya kuzifundela. Ndenza uhlobo lokuba uWilliam wayezimisele ukufunda.
214, 2	UWilliam wasebenza wasebenza ukwakha iphiko lamanzi elikhulu embindini weWimbe. Ngamandla ephiko lamanzi lakhe lesibini wampompa amanzi ewasusa kwiqula elinzulu. Eli qula lalithetha ukuba amafama aseWimbe ayengazi kulinda mvula, izityalo zawo zazisoloko zinawo amanzi!	UWilliam wayezimisele ukungancedi yena yedwa kodwa wayezimisele nokunceda abanye abantu. Ndingenza olu hlobo kuba uWilliam wakhela wonke umntu iphiko lamanzi.

Eli bali lisekwe kwibali eliyinyaniso likaWilliam Kamkwamba. UWilliam wasebenzisa ubugcisa bakhe wanceda abanye abantu ngexesha lobunzima!



UWilliam wakhulela kwilalana yaseMalawi ebizwa ngokuba yiWimbe. Ngexesha lakhe lobuntwana, kwakungekho mbane kwilali yakhe. Abantu belali kaWilliam babexhomekeke kumanzi emvula ukuze bankcenkceshele izityalo zabo.




Xa wayeneminyaka eli14 uWilliam, kwabakho imbalela enkulu. Kwakungekho kutya kwaneleyo, abantu elalini bathwaxwa yindlala. Usapho lukaWilliam lwalunokutya okuncinci lufumana isidlwana esincinci ngokuhlwa.

UWilliam wanyanzeleka ukuba ayeke isikolo kuba abazali bakhe babengenayo imali yentlawulo yesikolo.



Ngexesha angenzi nto ngalo, uWilliam wayethanda ukuya kwithala leencwadi aze afunde. Ngenye imini, wafumana incwadi ethi, Ukusebenzisa Amandla. Le ncwadi yayinomfanekiso wephiko lomoya elikhulu eqweqweni. Le ncwadi yayicacisa ukuba amaphiko omoya anako ukusetyenziselwa ukwenza amandla ombane. Le ncwadi yayikwanika nemiyalelo yokwenza iphiko lomoya. Ngaloo mini, uWilliam wathatha isigqibo sokuba uya kuzisa umbane namanzi kwilali yakhe esebenzisa eli phiko lomoya.



An illustration showing a pair of hands working with a long, thin orange string. The hands are positioned in the foreground, pulling the string taut. Surrounding the hands on a sandy, textured surface are various mechanical and craft components. To the left, there are several blue gears of different sizes, a purple gear, a coiled orange string, and various screws and bolts. A long, light blue tube lies horizontally in the background. The scene suggests a process of assembly or construction in a desert-like environment.

Ngeentsuku uWilliam awayevumbulula ngazo
kwiindawo zobugoxo obulahliweyo, abantu babesithi
uyaphambana. Babemenza intlekisa, bemhleka.
Kodwa uWilliam akazange awavumele loo mazwi
enkohlakalo ukuba eme endleleni yakhe, kuba
wayezimisele ukwakha iphiko lomoya.




Ekhaya, uWilliam wayesebenzisa imiyalelo esencwadini kunye naso zonke izixhobo zokusebenza awayezifumene ukwakha iphiko lomoya lakhe. Ngobunye ubusuku, wathi ekugqibeleni wabeka umbhobho omncinci weplastiki endaweni efanelekileyo laza iphiko lomoya lajikeleza.




Esi sixhobo siyilwe nguWilliam senza amandla awoneleyo okukhanyisa iibhalbhu ezine ze sidlale nonomathotholo owawusendlwini! UWilliam wawusebenzisela ukufunda ebusuku lo mbane xa kumnyama phandle. Izibane endlwini yakhe zamenza waziva ekhululekile.





Kodwa uWilliam wayefuna ukwenza ngaphezulu kunokuzisa umbane kwelakhe ikhaya – uWilliam wayefuna ukuqinisekisa ukuba bonke abantu belali yakhe banombane namanzi okunkcenkceshela izityalo zabo.

UWilliam wasebenza wasebenza ukwakha iphiko lamanzi elikhulu embindini weWimbe. Ngamandla ephiko lamanzi lakhe lesibini wampompa amanzi ewasusa kwiqula elinzulu. Eli qula lalithetha ukuba amafama aseWimbe ayengazi kulinda mvula, izityalo zawo zazisoloko zinawo amanzi!



Emva kweminyaka embalwa, kwafika intatheli eWimbe yaza yabhala ibali likaWilliam kwiphephandaba. Abantu abaninzi eMalawi jikelele nehlabathi lafunda ngombono ongumangaliso kaWilliam.

UWilliam wenza intetho kwividiyo ecacisa into ayenzileyo, ukuze abantu behlabathi jikelele bakwazi ukusebenzisa umbono wakhe! Ekugqibeleni abantu angabaziyo bachukumiseka ngendlela engummangaliso bubugcisa bukaWilliam baza bamhlawulela ukuba abuyele esikolweni agqithele naseYunivesithi!



UWilliam usasebenza nzima eqinisekisa ukuba bonke abantu bayafikelela kumbane namanzi.





Funda 1

Lanika ntoni amandla iphiko lomoya lokuqala likaWilliam?

Lanika amandla iibhalbhu ezine kunye nonomathotholo endlwini.

Lanika ntoni amandla iphiko lomoya lesibini likaWilliam?

Lanika amandla iqula elinzulu olungele ilali iphela.

Kwakutheni ukuze uWilliam afune ukulungisa ingxaki yombane kwindawo yakhe yokuhlala?

- Kuba wayefuna ukufunda ebusuku.
- Kuba wayefuna ukuqinisekisa ukuba onke amafama afumanela izityalo zawo amanzi.
- Kuba wayefuna ukunceda wonke umntu kwindawo ahlala kuyo – hayi yena yedwa.



Funda 2

Zaziyintoni iingxaki ezazijongene noWilliam kweli bali?

- Ilali yakhe yayingenambane.
- Ilali yakhe yayithwaxwa yindlala.
- Kwafuneka ayeke isikolo.
- Wayengazifumani izinto ezifanelekileyo zokusebenza ukwakha iphiko lomoya lakhe.

Wabuyela njani esikolweni ekugqibeleni uWilliam?

Abantu angabaziyo bambhatalela intlawulo yesikolo emva kokufunda ngephiko lomoya lakhe.

Yintoni eyenzeka kweli bali esincede ukuba sihlale imeko sithi uWilliam unengqondo ekrelekrele kwaye uyazimisela?

- UWilliam waqhuba ezifundisa efunda noxa ephumile esikolweni.
- UWilliam wabona umfanekiso wephiko lomoya waze wathatha isigqibo sokulakha.
- UWilliam wazingela izixhobo zokwakha iphiko lomoya lakhe kwindawo yokulahlala ubugoxo.
- UWilliam wagubhulula kwindawo yokulahlala ubugoxo noxa abantu babemenza intlekisa.
- UWilliam akazange ayeke ngephiko lomoya elinye elincinane – wakha iphiko lomoya elikhulu ukunceda wonke umntu!



IBALI 8

ISIFUDUMEZIMANZI SELANGA SIKAXOCHITL

Umxholo: Siziinjineli



Iinkcukacha ngemvelaphi

- Eli libali elingumxube wenyani nokuqwetyiweyo.
- Lisekelwe eMexico.
- Lenzeka kwixesha eselidlule kutshanje.
- Eli bali liya kunika abafundi bakho omnye umzekelo wendlela iinjineli ezingasebenzisa ngayo ubugcisa, iimpahla kunye nokusombulula iingxaki ukwenza ubomi babantu kunye nokusingqongileyo kube ngcono.



Indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda: Yenza unxulumaniso

- Yintoni: Kukucinga indlela ibali elinxulumana ngayo nobomi bakho, ezinye iincwadi okanye ihlabathi.
- Kutheni siyisebenzisa: Ukuqonda nokulandela ngcono ibali ngokulinxulumanisa nezinto osele uzazi.
- Inceda njani: Yenza ibali libe nentsingiselo kwaye kube lula ukulikhumbula.



Eminye imiba yokwabelana nabafundi bakho

- Iinjineli ziqaphela iingxaki zize zizame ukuzisombulula. Khumbula kwibali elidlulileyo, uWilliam wakha iphiko lamanzi ukunceda ukuzisa amanzi nombane kwilali yakhe. Iinjineli zijonga iingxaki ezingqongileyo zize zicinge ngeendlela zokunceda abantu.
- UWilliam wasebenzisa umoya ukwenza umbane. Kweli bali, uXochitl usebenzisa ilanga njengomthombo wamandla endalo. Zombini umoya nokukhanya kwelanga yimithombo yendalo esimahla enokusetyenziswa ngabantu.
- Izinto ezintsha ezisungulweyo zingenziwa nangeempahla ezikhe zasetyenziswa kwakhona okanye ezilahliweyo. Njengokuba uWilliam wasebenzisa ubugoxo ukwakha iphiko lamanzi lomoya, uXochitl wasebenzisa iibhotile zeplastiki ezindala, imibhobho, kunye namaplanga ukwakhe isifudumezimanzi sakhe. Iinjineli ngamanye amaxesha zisebenzisa iimpahla ezingekasetyenziswa ukwenza into entsha neluncedo.
- Abantu ngamanye amaxesha bagawula imithi ukufumana iinkuni. Kwezinye iindawo, abantu babasa iinkuni ukufudumeza amanzi okanye ukupheka ukutya. Ukuba imithi emininzi iyagawulwa oko kungayingozi kwindalo.
- Abantu abatsha bangenza umahluko! Akufuneki ude ube ungumntu omdala ukuze usombulule iingxaki. UWilliam wayesengumntu omtsha kwaye uXochitl wayeneminyaka esibhozo kuphela. Bobabini basebenzisa ubugcisa nokuzimisela ukunceda iindawo ababehlala kuzo.



Ukusebenzisa le ndlela yobuchule:

Iphepha nomhlathi	Funda	Yithi
221, 1	Ngenge imvakwemini eyayishushu endleleni egodukayo evela esikolweni, uXochitl waqaphela ukuba imithi eyayisoloko imenzela umthunzi yayingekho. Konke ecaleni kwendlela, imithi yayigawulwe. “Ingaba iyephi yonke imithi?” wazibuza.	Ndiyakhumbula ukuba uWilliam waqaphela abantu betsala nzima ukufumanela izityalo amanzi ngexesha lembalela. UXochitl uqaphela ukuba imithi kwindawo ahlala kuyo ayisekho – kwaye akukho mthunzi ecaleni kwendlela. Ndingenza unxulumaniso: bobabini uWilliam noXochitl baqaphela ingxaki kwindawo abahlala kuyo baze bagqibe ekubeni bancede ilungiswe.
223, 1	Emva koko, waqala ukuqokelela iibhotile zeplastiki ezilahliweyo, iglasi endala, izijungqe zemibhobho yokunkcenkceshela kunye neenkuni ezilahliweyo.	Bobabini uWilliam noXochitl basebenzisa izixhobo ezilahliweyo ukwakha. Ndingenza unxulumaniso: bobabini bebenobugcisa bacinga ngeendlela ezintsha zokusebenzisa izixhobo ezidala.

Ngenye imvakwemini eyayishushu endleleni egodukayo evela esikolweni, uXochitl waqaphela ukuba imithi eyayisoloko imenzela umthunzi yayingekho. Konke ecaleni kwendlela, imithi yayigawulwe. “Ingaba iyephi yonke imithi?” wazibuza.



Ngentsasa elandelayo, uXochitl wabukela utata wakhe efaka iinkuni emlilweni efudumeza amanzi okuhlamba kusasa. “Papa, sonke sigawula imithi emininzi ukuze sifudumeze amanzi okuhlamba!” watsho uXochitl. “Ingaba ayikho enye indlela abanokufumana ngayo amanzi ashushu abantu bale ndawo?” wabuza.

“Xochitl, asinamali yakuthenga izifudumezimanzi zobunewunewu – nabamelwane bethu ngokunjalo!” waphendula njalo utata wakhe.

“Uyabona, ndithathe isigqibo – ndiza kwenza isifudumezimanzi esiza kufikeleleka kubo bonke abantu baseChiapas,” watsho ezele ukuzithemba.



Akufika ekhaya uXochitl ebuya esikolweni, waqalisa ngeprojekthi yakhe. Ekuqaleni, wasebenza kwidizayini yakhe. Emva koko, waqala ukuqokelela iibhotile zeplastiki ezilahliweyo, iglasi endala, izijungqe zemibhobho yokunkcenkceshela kunye neenkuni ezilahliweyo.




Emva kweeveki ezininzi, uXochitl wayenezinto zokusebenza ezaneleyo. Wasebenzisa amaqhina okubopha ikheyibhuli wadibanisa imibhobho kunye neebhotile zeplastiki ukuze amanzi ahlale phakathi ezibhotileni afudunyezwe lilanga. Emva koko, wapeyinta yonke into mnyama, kuba wayesazi ukuba imibala engakhanyiyo iyalitsala ilanga.




Ekugqibeleni, utata wakhe wamncedisa ukwakha ibhokisi yokuhlala umsebenzi awenzileyo. Le bhokisi yayinesakhelo somthi neephaneli zeglasi ukubamba ubushushu obuvela elangeni.

“Ndicinga ukuba ilanga liya kuwenza shushu ngokwaneleyo amanzi aphakathi kule bhokisi akulungele ukuhlamba ngawo!” wazicingela njalo uXochitl.



Ngentsasa elandelayo phambi kokuba aye esikolweni, uXochitl wagalela amanzi kwisifudumezimanzi sakhe selanga. Imini yonke esikolweni, wayecinga ukuba ingaba isifudumezimanzi sakhe siza kusebenza na.



Ukuphuma kwesikolo, wabaleka ukugoduka esiya kukhangela okwenzekileyo! Wasivula isifudumezi enexhala, waza wabamba ngesandla ekupheleni kombhobho. Amanzi aqhumayo aphokoka ukuphuma. “Ndenze kwenzeka!” wacinga njalo, ekhwaza utata wakhe eze.



“Jonga Papa! Iyasebenza! Ndenze isifudumezimanzi esingasebenzisi mlilo kwaye asibizi. Kwaye sisebenza ngamandla endalo angahlawulelwayo afumaneka lula: ilanga.” Wathatha isandla sikatata wakhe wasibeka phantsi komphunga wamanzi ashushu.


“Wowu!” wakuza utata wakhe. “Kuyancomeka ngenene oku!”



Akubona uXochitl ukuba umsebenzi wakhe ube yimpumelelo, wagqiba ekubeni enze esikhulwana – ukuze usapho lwakhe lonke lufumane amanzi ashushu okuhlamba.

“Sisibeke phi?” wabuza utata wakhe sakugqitywa isifudumezimanzi esikhulu.

UXochitl wacinga eyona ndawo ifumana kakhulu ilanga. “Ndicinga ukuba masisibeke eluphahleni!” watsho. “Ngolo hlobo amanzi aya kufudumala, aze aqengqelekele endlwini yethu!” Ukususela ngaloo mini usapho lukaXochitl lwaba namanzi ashushu okuhlamba, ukucoca indlu nokuhlamba izitya neempahla.



Abamelwane basibona esi sixhobo siyinkabankaba phezu kwendlu yosapho lukaXochitl. “Yintoni leya?” babuzana befuna ukwazi.

“Sisifudumezimanzi selanga!” wachaza umama kaXochitl. “Senziwe nguXochitl ngezinto azicholeyo. Sifudumeza amanzi mahala kwaye sisebenzisa amandla afumaneka lula: ilanga!”

“Ndiyasifuna, nam!” watsho omnye ummelwane.

“Ndidiniwe kukutheza!”



“Nathi siyasifuna, since Xochitl,” lwacela nolunye usapho, “oku kuya kugcina umoya ezindlwini zethu ucocekile.”

NgoMatshi wama2018, uXochitl waphumelela imbasa ebizwa ngokuba ‘Ukuqatshelwa kweZiko lamandla eNzululwazi yeNyukliya yamabhinqa’. Le yimbasa eqhele ukunikwa abantu abadala. Kodwa iYunivesithi yaseMexico, eyamnika le mbasa, yakuthathela ingqalelo ukuba uXochitl enze into engummangaliso. Babefuna ukumkhuthaza uXochitl aqhube esenza izixhobo zakhe zenzululwazi, aqhube esombulula iingxaki zabantu bendawo awayehlala kuyo.





Funda 1

Wakha ntoni uXochitl?

Wakha isifudumenzimanzi selanga. Waqala wakha esincinane waza wakha esikhulwana.

Zeziphi izixhobo ezasetyenziswa nguXochitl ukwakha isifudumezimanzi selanga?

Wasebenzisa iibhotile zeplastiki, iiglas ezindala, izijungqe zemibhobho ezilahliweyo, amaplanga alahliweyo kunye nepeyinti emnyama.

Kwakutheni uXochitl ukuze athathe isigqibo sokwenza isifudumezimanzi selanga?

- Kuba wabona ukuba abantu bendawo awayehlala kuyo bagawula imithi ukuze bafudumeze amanzi.
- Kuba wayengafuni ukuba abantu bagawule imithi, kodwa wayesazi ukuba badinga enye indlela yokufudumeza amanzi abo.
- Kuba wayefuna ukwenza isifudumezimanzi esixabiso liphantsi ukuze usapho lwakhe nabantu bendawo ahlala kuyo basisebenzise.



Funda 2

Ngxaki ni eyabonwa nguXochitl?

- Wabona ukuba abantu bendawo awayehlala kuyo bagawula imithi ukuze bafudumeze amanzi.
- Wabona ukuba abantu bendawo awayehlala kuyo bebengenakuzithenga izifudumezimanzi – kwakufuneka basebenzise iinkuni zomlilo ukufudumeza amanzi.
- Wabona ukuba imithi kwindawo awayehlala kuyo iyanyamalala kuba abantu babeyigawula ukuze bafudumeze amanzi.

Wayisombulula njani uXochitl le ngxaki?

- Wenza isifudumezimanzi esebenzisa izinto ezilahliweyo kunye nepeyinti emnyama.
- Wasebenzisa ubugcisa bakhe wadizayina isifudumezimanzi selanga esibiza kancinane kakhulu.

Ungenza uhlolo luni ngoXochitl? Sebenzisa ubungqina obufumana ebalini.

Ndenza uhlolo lokuba uXochitl u...kuba...

